IMVO ZONTSUNDU

NELISO — NATIVE OPINION. — LOMZI

Authorized Medium for the Publication of Government Notices addressed to Natives throughout the Colony and the Territory.

KING WILLIAMS TOWN, CAPE COLON'S, WEDNESDAY, OCTOBER 5, 1898.

Vol. XIV. No. 725]

[IXABISO 3d.

Lirolelwa 3s 6d nge Kwata (itunyelwe ingekapeli).

—:0:—

Unokuhlaulela wonke Unyaka ngokutumela 13s 6d nangalipina ixesha lonyaka.

Izaziso Zabazelweyo, Abatshatileyo, ne Mipanga, irolelwa 1s. ngexesha ngalinyo ezingene ngalo.

"IMVO ne TOLE" LIPUMA

NGOLWESI-TATU

IVEKI ZONKE

Litunyelwa kwindawo zonke apa ema Zantsi-Afuka, e Yerepe, nase Melika.

Lijonge Ilungelo Lomzi ku- pela.

Limele imfanelo ya Bantsundu ngapandle koloyiko.

Alicaluli Sizwe nalu Nqulo.

IZAZISO ZAKOMKULU.

ZISHICILELWA NGE GUNYA.

INTSHUMAYELO.

NGU MHLEKAZI U SIR ALFRED MILNER.

Umnumzana we Grand Cross Wodidi Olubalulekileyo lo Saint Michael no Saint George, Umnumzana Ongumpati Wodidi Olubekekileyo lwe Bath, Iruluneli Nompati Oyintloko we Koloni Yomntan' Omhle ye Cape of Good Hope e South Afrika namazwana, nezibhaxa zawo, Nompati Owo- ngameleyo Womntan' Omhle, njalo njalo, njalo njalo, njalo njalo,

EKUBENI kute kwafumaneka kum okokuba kuko kumazwe Absntsu- ndu apakati kwemida yale Koloni, into eninzi yemali ze silivere, esezikutukile, ezingafanelekileyo, ezidlekileyo, nezona- keleyo: nase kubeni kufuneka imali zolohlobo zinqunyanyisiwe ekusetyenzi- sweni: nase kubeni Ulaulo Lomntan' Omhle lute ngenceba lwavuma ukwana- nisa ezomali zonakeleyo zinjalo ngezi lungileyo nezifanelekileyo, zamaxabiso azo.

Ke ngoko, pantsi nangamandla ama- gunya nemfanelo ezipezu kwam, ndiya shumayela, ndixela, ndisazisa, oku kula- ndelayo:—

1. Ukususela, nasemva kosuku lwale Ntshumayelo kude kusekuqukwa nosuku lwamashumi amatatu ananye ka March, 1899, nayipina imali Yomntan' Omhle ye silivere, ekutukileyo, engafanelekileyo, edlekileyo okanye eyonakeleyo esetyenzi- swa kulomazwe Abantsundu akankanyi- weyo angapakati kwemida ye Koloni njengoko kuxeliweyo yi Ntshumayelo Yomhlekazi Iruluneli No 25 yomhla we 3 ku February, 1882, elunge nokuba kukubanina okona, iya kwamkelwa yananiswe ngemali ezilungileyo ze silivere Zomntan' Omhle, ezifana nazo kwane zelo xabiso lazo, kwi Ofisi neyalipina isebe le *Standard Bank* apa e Koloni.

2. Onke Amagosa Akomkulu, Abase- benzi, Abapati, kwa Nabahloli, nabanye abantu abase mgunyeni bayaqukwa ukuba bazise ngokubanzi le Ntshumayelo kubo bonke abantu abapantsi kwabo, okanye abanokuhlangana nabo, ukuze bati abantu abangaba banazo bakauleze ukuza kwananisa ezomali zikutukileyo, zingafanelekileyo, zidlekileyo, okanye zonakeleyo bafumane imali zesilivere ezilungileyo nezizizo, ngohlobo oseluxe- lwe ngentla 'pa.

3. Amagosa alo *Standard Bank* aya kuba nelungelo lokumangala ukwamkela ngokutshintsha njengoko sekukankanyi- we nayipina imali esel' ikutukile, inga- fanelekile, yonakele, yaye lonto ibise- nzelwa inkohliso, umhlaumbi ukuze ibe nokwamkelwa yona yonakele njalo nje ngemali elungileyo nefanelekilyo ye silivere esetyenziswayo ngoku, okanye yonakele ingasenayo nemfano, nenka- ngeleko yemali ekoyo ngoku.

TIXO SIKELELA INKOSAZANA !

Oko kwenziwe pantsi kwesandle sam Nesincamatiselo sale Koloni ye Cape of Good Hope, ngalomhla wokuqala ka September, 1898.

A. MILNER.
Iruluneli.

Ngomyalelo Womhlekazi Iruluneli e Bhungeni.

J. GORDON SPRIGG-

No. 254, 1898.

ISAZISO.

IRAFU EZINGAMATYALA.

E QONCE.

KUYAZISWA kubo bonke abantu okokuba, ukuba irafu esekufuneka ihlaulwe yeminyaka emibini nengapezulu kwezindawo zikankanywa ngapa- ntsi apa, ayihlaulwanga pakati kwenyanga ezintatu, ukususela kolusuku, u Rulumente uzimisele ukuyicima i Taitile, aze umhlaba awutatele kuye ngokwe Siqendu sesibini Somteto No. 27 ka 1887.

Umntu owanikwa yena lomhlaba kuqa- la ngu Jim Tshoko. Usuku lwe Taitile November 21, 1881. Ukucazwa komhlaba, Lot No. 5. Ububanzi, 14 morgen 560 rq. rds. Apo ukona: kumlanja- na ongu Mquwana, kwa Qoboqobo. Ityala lerafu £18, yexesha elisusela ku September 27, 1896. Eye stampu 2/-. Igama lomntu obhalwe kuye ngu Koppy Jantjes.

Kwi Ofisi ye Mantyi,
E Qonce, September 1, 1898,
E. GARCIA.
Civil Commissioner.

Imihlaba Elahliweyo

ISAZISO SAKOMKULU—No. 743,1898 *Kwi Sebe Lokulima, Cape of Good Hope,* 17 *August,* 1898.

KUYAZISWA kubo bonke abantu, ngo- kwesiqendu sokuqala " Somteto we Miblaba Elahliweyo," ongu No 3 we 1879, owahlonyelwa yimiteto No. 24 ka 1887, No. 15 we 1895, okokuba ezi ziqwenga zila- ndelayo zemihlaba, zikumandla wage Qonce, sezinjenge lahliweyo ngokomteto, nokuba u Rulumente uyakubuye azitabatele kuye ngomhla we 16 FEBRUARY, 1899, ukuba pambi kwelo xesha akubanga ko bayibangayo, bahlaule nerafu ezilityala kumantyi walo mandla, njengoko kufuneka njalo kwesi siqendu sesikankanyiwe salo mteto. *CH* ARLES CURRY,
Mbhali ongapantsi kwi Sebe lokulima.

komhlaba ukumandla wase Qonce, obalelwa ukuba ulahliwe.

Umntu owanikwa yena lomhlaba kuqala ngu Peter Polo; usuku lwe Taitile ngu- mhla we 13 July, 1869, ukucazwa komhla- ba ; Isiza Lot 1 Block E Pirie; ububanzi 32 poles; intsimi lot 94, ububanzi 6 acres ityala lerafu £3 2s 6d, ukususela 1st January, 1893. Umntu obhalwe egameni lake Peter Polo.

Umntu owanikelwa yena lomhlaba William Boezak, usuku lwe Taitile 20 February, 1896, ukucezwa komhlaba, Isiza Lot 2 Block C Mt Coke, ububanzi 32 Poles, Intsimi Lot 36 Mt Coke, ububanzi 6 4 Acres irafu elityala £3 2s 6d ukususela ku 1st January, 1893 Umntu obhalwe egameni lake William Boezak.

Umntu owanikelwa yena lomhlaba Uswele usuku lwe Taitile 20 February, 1868, ukucazwa komhlaba; 1s za Lot 8 Block A Mt Coke, ububanzi 32 Poles, Intsimi Lot 49, ububanzi 6'6 Acres irafu elityala £3 2s 6d ukususela 1st January, 1893. Umntu obha- lwe egameni lake Usweli.

Umntu wanikelwa yena lomhlaba Da- lister; usuku lwe Taitile 25 September, 1890, ukucazwa komhlaba Isiza Lot 15 Dikidika- na, ububanzi 141R 107F, irafu elityala 12/6 ukususela 1st January, 1894. Umntu obhalwe egameni lake Danster.

Umntu owanikelwa yena lomhlaba Ngora Mngadi, usuku lwe Taitile 12 December, 1890, Isiza Lot 40 Dikidikana, ububanzi 141R 107F, irafu elityala 15/ ukususela lst January, 1893. Umntu obhalwe egameni lake Ngora Magadi.

Umntu owanikelwa lomhlaba yena David Ntabeni ; usuku lwe Taitile 15 August, 1887, ukucazwa komhlaba, Isiza Lot 9 Block O, Peelton, ububanzi 14IR 70F. Intsimi Lot 7, Block B Peelton ububanzi 1 M 534R 112F, irafn elityala £3 2a 6d ukususela lst January, 1894. Umntu obhalwe egameni lake David Ntabeni.

Isaziso Sakomkulu.

No. 813. 1898.

Kwi Sebe Lokulima
Cape Town, 12 *September,* 1898.

KUYAZISWA apa kubo bonke aba- ne Ziqiniselo zokuba bangaba Nini bezi Qwengana zomhlaba eziku mandla wase Xalanga, ezibalulweyo ngezantsi apa, ukuba ngapandle kokuba babekuzo ngokwabo, elowo kwesake isiqwengana, njengoko kufuneka njalo ngoko Mteto we Siqendu Sesibini weziqiniselo zabo, kwixesha LENYANGA EZINTATU ukususela kusuku Iwesi saziso, lo mihlaba iya kutatyatwa kwa- ngu Rulumente ize inikwe kwabangayi- bangayo abate bamkelwa.

CHARLES CURREY, Umbali

Ongapantsi kwi Sebe Lokulima.

Audit Folio 15, Lot No 17, igama lomni- niwo Jacob Gqamana, ububanzi 7 1/2 morgen, usuku lwesiqiniselo 6 May, 1892.
Audit Folio 24, Lot No 36, igama lomni- niwo Nasani Ngqubu, ububanzi 5 morgen usuku lwesiqiniselo 6 May, 1892;
Audit Folio 33 Lot No 46, igama lomni niwo Moss Wennaar, ububanzi 6 morgern usuku lwesiqiniselo 6 May, 1892.
Audit Folio 35, Lot No 81, igama lomni- niwo Joseph Walters, ububanzi 3 morgen, usuku lwesiqiniselo 11 May, 1892.
Audit Folio 47, Lot No 57, igama lomni- niwo Sibani Adams No 2, ububanzi 8 morgen, usuku lwesiqiniselo 11 May, 1892.
Audit Folio 95, Lot No 171, igama lomni niwo Loni Tyakiwe, ububanzi 7 morgen, usuku lwesiqiniselo 9 June, 1892.
Audit Folio 96, Lot No 172, igama lomni niwo Lindani. ububanzi 5 morgen. Usuku lwesiqiniselo 9 June, 1892
Audit Folio 99, Lot No 175. Igama lom- niniwo Stephen Frederik. Ububanzi 8 morgen. Usuku lwesiqiniselo 9 Jure, 1892
Audit Folio 177, Lot No 225. Igama lom- niniwo William Lama. Ububanzi 7 morgen. Usuku lwesiqiniselo 25 August, 1892.
Audit Folio 185, Lot No 378. Igama lom- niniwo Klass Masiza. Ububanzi 8 morgen. Usuku lwesiqiniselo 25 August, 1891.
Audit Folio 190, Lot No 384 Igama lom- niniwo Samuel Yolo. Ububanzi 10 morgen Usuku lwesiqiniselo 25 August, 1892.
Audit Folio 194, Lot No 89. Igama lom- niniwo Richard Rise. Ububanzi 5 morgen. Usuku lwesiqiniselo 27 October, 1892
Audit Folio 203, Lot No 475. Igama lom niniwo John Africa. Ububanzi 10 morgen. Usuku lwesi Qiniselo 16 December, 1892.
Audit Folio 246, Lot No 478., Igama lomniniwo Elsie Piet. Ububanzi 5 morgen. Usuku lwesi Qiniselo 16 December, 1892.
Audit Folio 302, Lot No 225. Igama lomniniwo Philip Fenga. Ububanzi 10 morgen. Usuku lwesi Qiniselo 22 Decem- ber, 1892
Audit Folio 334, Lot No 116 Igama lomniniwo Stephen September. Ububanzi 6 morgen. Usuku lwesi Qiniselo 22 Decem- ber, 1892.
Audit Folio 334, Lot No 183. Igama lomniniwo Jan Qali. Ububanzi 15 morgen. Usuku lwesi Qiniselo 22 December, 1892.
Audit Folio 375, Lot No 113. Igama lomniniwo Charles Nqqase. Ububanzi 4 morgen. Usuku lwesi Qiniselo 22 Decem- ber, 1892.
Audit Folio 387, Lot No 97. Igama lomniniwo Daman Johannes. Ububanzi 3 morgen. Usuku lwesi Qiniselo 22 Decem- ber, 1892.
Audit Folio 392, Lot No 189. Igama lomniniwo Tyes Gunuza Ububanzi 12 mor- gen. Usuku lwesi Qiniselo 22 December, 1892.
Audit Folio 429, Lot No 576. Igama lomniniwo Thomas Lambata. Ububanzi 6 morgen Usuku lwesi Qiniselo 28 December, 1892
Audit Folio 449, Lot No 315. Igama lomniniwo Booi Guma. Ububanzi 6 mor- gen. Usuku lwesi Qiniselo 28 December, 1892
Audit Folio 466, Lot No 564 Igama lomniniwo John Jongqo. Ububanzi 5 mor. gen. Usuku iwesi Qiniselo 28 December, 1892.
Audit Folio 528, Lot No 682, Igama lomniniwo Simon Mateza. Ububanzi 6 morgen. Usuku lwesi Qiniselo 7 January, 1893.
Audit Folio 539, Lot No 611. Igama lomniniwo Elias Binase. Ububanzi 6 mor- g n. Usuku lwesi Qiniselo 7 January, 1893.
Andit Folio 546, Lot No 616. Igama lom- niniwo Edw rd Pumlwana. Ububanzi 4 morgen. Usuku lwesiqiniselo 7 January, 1893
Audit Folio 557, Lot No 683. Igama lom niniwo Mateza. Ububanzi 10 morgen. Usuku lwesiqiniselo 7 January, 1893.
Audit Folio 775, Lot No 206. Igama lom- niniwo John Moinga. Ububanzi 10 morgen. Usuku lwesiqiniselo 23 January, 1895.
Audit Folio 810, Lot No 598. Igama lom- niniwo Mzuzu Kili. Ububanzi 5 morgen. Usuku lwesiqiniselo 22 April, 1895.

INCWADI YESI-XOSA ENTSHA

"IMBALI ZEZIBHALO."

INCWADI I,

—NGU—

REV. J. S. MORRIS.

Ebotshwe ngolusu 3s, nge Posi 3s. 6d.
Ebotshwe ngepepa 2s. 6d. „ 3s, 0d.

Zinokufunyanwa, xa kutunyelwe ne- mali, ku

JABAVU & BOKWE, King William's Town.

PAULANI!

NDIYAZISA kubo bonke ukuba IVENKILE ese TAMARA ibuyele kwakum. Onke Amatyala ayo aya kuhlaulwa kumtu oyipeteyo kona, okanye ku

PAUL XINIWE,
King William's Town.

May 4,1898.

" Liyeza Elilungileyo "

Kwizisu ezimhlalisa kakubi umntu, zimbalwa ??? isisu esine ntlungu, esimana ukumqubula, yaye intlungu exipulayo inamandla. U Mr James C Cochran, wase Mossel Bay, wayene sisu soluhlobo, aninika amava ake ngaso. Wati yena: " Indlela esandihla ngayo esisisu sinentlungu ezixipulayo, yayi nzima kakulu. Andiyazi into eyabangela ukuba ndibe naso, kodwa intlungu yapantse yandongamela. Ndatumela ukuba ndffunelwe elika Chamberlain le Cholera Nesisu segazi, lati lakufika ndalitabata kanobom. Labehla landenza shushu, ndati ndakupinda ndase ndipila kanye. Liyeza elilungileyo." Litengiswa ngo R Lumsden & Co., abatengisi mayeza e Qonce.

W. JEFFERY

AND CO.

Babonisa impahla yokuqala efikileyo yokuvela kwehlobo neyehlobo.

Imiqulu emitsha Yelokwe,
Impahla entsha evela e Manchester,
Imiqulu emitsha yempahla yokunxiba,
Impahla entsha kwigumbi elingapakati,
Ikausi ezintsha nayo yonke impahlana encinane,
Iminqwazi emitsha, kunye nezinto zokuyiho- mbisa.
Impahla entsha yentlobo zonke.

Ngamanani nangokulunga azina- mpahla apa kwele mbokotwe:

YIZA UZIBONELE

KUTUNGWA

Ilokwe eziodolweyo ngamanani adelekileyo
Ilokwe zokutshata zibalulekile
Abafuna ukwenzelwa impahla ziqalela kwi 42/- i suti

YINTO ENINZI IMPAHLA ONGAKETA KUYO.

W. Jeffery & Co.,

E KIMBILI.

UMLILO! UMLILO! UMLILO!

KUMLILO obute tapu kwizitora zo DYER no DYER, kuko imfumba ye

TYALI

Edemeshekileyo- Sizitengisa ukususela kwi *3 6* inye Lituba elihle lokufamana ityali elungileyo ngemali encinane.

Sisand'ukaqaqa ekasi ezine mfumba entsha ye MINQWAZI yetu edumileyo eyi " Tali-Ho," inani zi 3/6 Umnqwazi ongumangaliso ongowelo nani.

IMPAHLA YE BHOLA

yeli xesha sinalo. Impahla yetu yeyona inintshi kweli lase Maxoseni Onobhala be Bhola kunga balungela bebhalele kuti ukuza kucela amaxabiso etu ngapambi kokuba batenge, ukuze ke babone amanani etu entlobo zonke zempahla ze Bhola-

Siwatoba kakuhle amanani, ukwenzela amabuto e Bhola, saye sineyona mpahla yengeibi

I PRINTI

Ngelixesha sizamkele kakulu saye sinoku bonisa uluhlu oluhle lwentlobo zetu ezintsha ezintsha ezi 5d ne 6d nge yadi—ezibanzi nezitambileyo- Sibalele sikutumele isa- mpulu, sokwenzi oko ngeposi yokuqala

OWEN & THOMSON, E Qonce.

The Singer Manufacturing Company.

EKUBENI imise i Arente e Qonce ngoku, inoku fumanisa nalupina uhlobo alufunayo umntu lwe "

SINGER SEWING MACHINE

Ngendlela kuqala yokuqeshisa kurolwa 10s. ngenyanga, ade umtengi aye kufikela kwixabiso layo. Amaxabiso e Mashini zezandla aqalela kwe £7 anyuse, kwapulwa 10 per cent, xa imali irolwa kwaoko; oko kukuti 2s. epontini.

O Mashini bayamelwa ixesha elitile ekuyakuti ukuba wonakele ngapambi kwalo alungiswe ze. Ne Arente zinoku bafundisa abatengi indlela yokusebenzisa i SINGER SEWING MACHINE. Zonke incwadi ezibuza ngazo ne odolo kwaba- zifunayo zobbekiswa ku

M. ARTZ, Queen Street, King Wm's. Town.

Itamsanqa kuma Fama Antsundu.

AMAFAMA antsundu akazi ukuba aziyekele indyebo ngo- kungayilimi ITSHIKILI Isetyenziswa Kakulu apa e Koioni ngabantu abamhlope nabantsundu. Ngamawaka waka eponti zobunzima be Tshikili ezivela kwamanye amazwe ziza kweii, kanti inako ukulinywa. I-akili kweli iyalingenisa i shumi leponti.

Lixesha lokulinywa kwayo eli u SEPTEMBER no OCTO- BER, emva kwemvula. Ilinywa kumhlaba omvungumvungu. Ayityiwa zinkumbi, ayingenwa nayi rusi. Yinto yokulinywa kengoko ngamafama antsundu. Make ilingwe.

S. SALOMON,
Umenzi Wekofu ne Tshikili,
E QONCE.

SOLOMON S. T. DAMBUZA,

Umcweli no Maki, e Bai,

WAZISA umzi wakowabo Ontsundu ukuba unokuwakela IZINDLU nge Zinki, namaplanga ngapakati, Azihombise; ITYALIKE ezine Mpahla yazo yonke; E Bayi na PINA ape Afunwayo. Ngexabiso elepantsi.

Wenza ne BOKISI EZINTLE nge £3 ihlaulwe kwaoko; EZABA- TSHAKAZI, ezine drawers ngapantsi, £2 10s, Indleko zokutunyelwa zihlaulwe ngulowo sukuba eyifuna.

S. S. T. DAMBUZA, Raleigh St, Port Elizabeth

LEMINYAKA I 18

IGQITILEYO,

SINGENISE KWELI LIZWE

I-Blankete Zoboya.

EZILUKWE NGOBUGCISA OBUBODWA, Igama lazo

yi "EXTRA NA VY or MATROSS"

Kungeniswe ngabanye intlobontlobo ezifana noluhlobo; esigqibe ke kwelokuba SIZIPAULE i BLANKETE ZONKE ngopawu esiluqinisele na Komkulu ngohlobo lwemifanekiso le yongamele lenteto.

Ukuba ufuna IBLANKETE YENENE, kangelisa kunene ukuba inawona umfanekiso we NGONYAM A kwelinye Lamasondo ayo.

ZONKE EZI BLANKETE ZIZEZINQATAND ATYUZWAYO!
ZONKE EZI BLANKETE ZILUNGILE ZITE GUNGQU!
IBLANKETE NGANYE IYAYIVELA IMBOLA!

Kwivenkele enitenga kuzo ke bizani

Iblankete ezinomfanekiso we Ngonyama.

Ziya kubako kuzo zonke ivenkile za Pesheya kwe Nciba nase zidolopini zonke.

APO ZIPAKULWA KONA KUKO

JAS. W. WEIR & CO.

Ngabo bodwa abanokubhala lomfanekiso we Ngonyama.

TRANSKEI PIONEER COMPANY,

[LIMITED].

(Isekwe pantsi Komteto we Komponi we 1892).

Ingxowa (Capital), £5,000; Isahlulo, £1 sisinye (kungenwa nge 2s-6d)

I Botwe (H ad Office) : TSOMO, TRANSKEI.

I Banki (Bankers) : The STANDARD BANK OF SOUTH AFRICA.

INJONGO (OBJECT).

LUJONGE ukutenga imihlaba, izindlu, iziza, ukwaka izindlu, ukuzikulula nokuzilungisa ziqeshiswe, mhlaumbi zitengiswe kwakumalungu, etc.

QONDA— Luhlangabeza isikalo sokunqaba kwemihlaba nezindlu, lujonge ukupumelelisa imizamo yabantsundu ekutengeni imihlaba nasekwa- keni izindlu ezilungileyo.

Ukufunela Abantsundu imihlaba.

Izahlulo ziqalwe ukutengiswa nge 6th JUNE, 1898.

Zonke incwadi ezingo Manyano mazitunyelwe ku Nobhala. Izicelo, ishare nge P.O.O., or Bank Note, Cheques (Izitampu Zeposi azivumelekile) nendawo ezinga zingaqondwa kutunyelwa ku Nobhala wo-Manyano.

S. MILTON NTLOKO, Secretary.

ADDRESS TSOMO, TRANSKEI.

Royal Mail & Passenger Carts

KEI ROAD TO UMTATA

AMAXABISO ALULA.

ABANINIZO bayazisa ukuba amaxabiso bawatobe kakulu okuya kwi- ndawo zonke.

Kei Road to Umtata (Single), £3 10/-; Return Ticket, £6 6/- Ipasile ukusuka e Qonce 6d- per lb., kuqukwa onke amaxibiso. I Arente apa e Qonce ngu

I KAYA LABANTSUNDU,

LADY FRERE.

NDAZISA bonke abahambi abantsundu pakati kwe Komani ne Cala ne Ndwe. Ukuba ndigcina I-Kaya Labahambi e Lady Frere (Cacadu). Aba- ntsundu bamkelwa ngobubele obukulu. Impato intle.

Nalo ekungeneni ngakwi Post Office, Yiyona Hotele yokuqala epata kakuhle Abantsundu. Nakuya kuyo.

UMNINILO NGU

THOMAS SKINNER.

COMMERCIAL HOTEL, LADY FRERE.

IKOMPONI ENTSHA YASE JAGERSFONTEIN YOKU-

MBA NOKUPANDA. LIMITED.

Umngxuma wase Jagersfontein.

Amadoda apilileyo, awomele- leyo owuzuza umsebenzi.

Imivuzo Iyamkeleka. kutyiwa kwakona nempato intle kakulu.

The New Jagersfontein Mining and Exploration Co.

(LIMITED).

JASERSFONTEIN MINE

The General Manager Intimates that able and strong men will find work,

Good Wages. Food Free, and Good Treatment.

Ukuba ufuna eyona mpahla ilungileyo nge Mali yako yiza ko

BAKER, BAKER and CO.

KING WILLIAMS TOWN (E-QONCE).

ILOKWE EZIKETIWEYO EZINTLE

40in. ze Dress Material zamabala, 1/- nge yadi
40in. ze Melton Cloths, zamabala onke 9d ne 10 1/2d yadi

ITYALI!! ITYALI!!

Zokwanelisa wonke umntu. Impahla eninzi yezamankazana Zentlobo zonke. Impahla yendlu njalo, njalo, enokufunyanwa Kwelase Ntshonalanga.

I BLANKETI

ezinkulu zinyukile emaxabisweni ngenxa yokunyuka kwerafu zamazibuko kodwa sizimisele ukutengisa intsalela yempahla zetu zase BUSIKA ngamaxabiso amadala.

BAKER BAKER & Co.

King Williams Town.

R. R. V. JEFFREYS

IGOSA LOMANYANO

Ngabasebenzi Abantsundu, Ltd.,

E RAUTINI.

QUEEN'S TOWN AGENCY.

APA kwalatiswa izibonda nabo bonke abantu ngamalungelo kwabantsundu abangaba bafuna umsebenzi kwele Rauti (e Johannesburg nakumandla wakona) ngolumanyano olungenanto nabu gayi.

1. Abantsundu banikwa imali kaloliwe, eye pase kwaneyo kuqapula ze kanjalo bamkele imali yokudla za base luhambeni.
2. lxesha angasebenzela Iona umntu alinga pezu kwenyanga ezimbini.
3. Olumanyano luxasa i Komponi ezi 99, elingati iqela lamadoda nga 25 afuna ukusebenza kwi Komponi etile, kuti ukuba kufanelekile
4. Abantsundu abaziqeshese ngolohlobo bayapiwa ukutya
5. Ize babuyise 30s kumvuzo wenyanga zabo zokuqala
6. Umvuzo ude ufikelele kwi *£3* 10s Ngenyanga
7. Abantsundu abavela e Koloni bakol ukuqeshelwa wangapezulu.
8. Akusetyenzwa nge Cawa ngapandle kokuba kuba kunyanzelekile ukuba kwenjiwenjalo.

Olumanyano liyakuba hlaula abantu abazize amaqela angenga kwa 25 amadoda e Komani okanye nakusipina isitishi seka Kodwa kwaziswe [Missing text]

P.O. Box 115, Cathcart Chambers, Queen's Town.

Beauchamp, Booth Co.

E QONCE

Siyanazisa ukuba siwafezile amalu- ngiselelo ebe siwenza sine

Mpahla Ezintsha!!

I GERMAN PRINTS, ezona zilungileyo yi 6d. i yadi.
IZITAFU Ezipindiweyo (double width) intlobo zonke zamabala yi 1/- iyadi (ngamanani alula).
ITYALI ezintsha zoboya ezisandulu kufika zenziwe kakuhle ziqala kwi 4/- ziye kwi 40/- inye.
IHEMPI eziyi micako ezomeleleyo ye 6d 7id, 9d, nge yadi.

ILOKWE ZOKUTSHATA esezenziwe kade ziqala kwi £1 5s, zide yiye kwi £5, zinako noku, dolwa ze zenziwa kwa oko.

IVEYILE ZABATSHAKAZI, intyantyambo.

IZIHLANGU ne SHOES nayo yonke into e- funekayo yomtshato.

Yizam Kubona Isitora setu esikulu esitsha.

Beauchamp, Booth & Co.,

Late JOHN J. IRVINE

PASCOE BROS.

"Ikuba litengwa ngokubonwa," utsho u FOLOKOCO, e QONCE.

BANTSUNDU! Bantsundu!! Sicela amehlo enu apa. **Kenazibona** na Impahla zetu Ezintsha eziveia e England. " Especially " ezo **ZAMANENEKAZI** NAMANENE.

ITYALI! ITYALI! ITYALI!

ITYALI **ZOBOYA** (ekutiwa zeze Velvet) ziqalela kwi 4/- **zide** ziye nakulipina inani elifunwa ngumntu.

ITYALI EZIMACALA SABINI ziqalela kwi 9/-. Ukuba ufu- na ITYALI yiyo le **Ivenkile** ofanele ukuketa kuyo. Zityali zona, inge- zizo ezo zaziwa ngokuba zeze Gusha-Bokwe (**imigqakwe**), zinamabala amable, ziqalela kwi 2/-.

ITYALI ZELANGA, uke wazibona?

IMPAHLA **ZOKUTSHATA**, apa kulapo zikona

ILOKWE ZOKUTSHATA (ngeyadi), zenziwe ngokomlinganiselo. ***BATSHAKAZI***: Kangelani ukuba ILOKWE zeuu zenziwe ngu Mtungi we Lokwe wetu osand' ukuvela e England. Ukuba nenjenjalo imitshato yenu yoduma. Amagqabi Entloko, Iveyile, Izihlangu, Imi- nqwazi, Iziteyizi, Ilokwe Zangapantsi, njalo-njalo.

IQIYA ZETU ze SILIKA zise zodwa, niyaqonda kodwa?

Impahla Zabapeleki abangamankazana, Imisesane **Yokutshata** neyoku Ngeja (apina **amadodana**?), Ibrotshi, Imitya Yomqala, Amacici (egolide ne silivere). Impahla Ezizilokwe, **Ikwiliti**, Ifaskoti, njalo-njalo, Ikeleko, Iprinti ne Flaneleti.

Izinxibo Zamanene :

ISUTI ZOKUTSHATA Esezenziwe, **nezenziwa** ngokwe odolo, nangalupina uhlobo **olufunwayo**. Isuti ezenziwe nge odolo zase England zifika ngeveki ezi 8 okanye ezi 9. Izihlangu Zamanene ne Shoes, Ikresbanti, Amaqina ne Kolala. T **Suti ze Blue** Serge ziqalela kwi 15/11- Ihempe **Ezomeleleyo** Nezokusebenza. Imikala, Isali, ne Haltlie.

Incwadi eziflka nge Post zilungiselelwa kamsinya ngenyameko, Ipatuloni nencazelo efunwayo **ziyatunyelwa** kuye **wonke** osukuba etumele. Akubizwa nto nge Post

NONKE YIZANI KUTYISA AMEHLO ENU.

Ningamlibali apo nombona kona u FOLOKOCO ngesiqu (Saluf) ezantsi kwe Tyalike yama Skotshi, e Qonce. Nguye u

FOLOKOCO (INDODA.).

WE are authorised by the **Elders**, Deacons, Members, Chiefs, and Adherents of Alice District, who have left the Free Church of Scotland, to state that they have formed themselves into a distinct **Denomination**. And that they have agreed to call Rev. P. J. MZIMBA to be their Minister.

Chairman—A.GULWA. Secretary—D. SIHAWU.

Gaga, September 7, 1898.

QONDANI KAKUHLE

—UKUBA—

INCINDI KA GREY

—YE—

LINSEED

ISE LELONA

YEZA *LIPAMBILI*

EKUKOHLELENI

ENGQELENI

KU MFULAWENJA

Lipilisa **kamsinyane** apo amanye Amayeza anqatyelwayo.

Wulumkeleni amayeza afana nalo, kanti ngawenkohliso.

Bizani elika **GREY**, **nize** niqonde **kaku- hle** ke ukuba nifumana **lona** kanye. **Eli- yeza** Jiyangqiiiwa ngabo bonke, njengo- kuba **intengiso** yalo **ebanzi** isalata.

UMNINILO NGU :

G. E. COOK,

CHEMIST AND DRUGGIST,

DOWNING STREET & CAMBRIDGE ROAD

KING WILLIAMS TOWN.

Linokufunyanwa ku Barwebi, Abapiti- kezi Mayeza, na.se Zitoreni kuyo yonke Koloni.

IXABISO : 16 IBHOTILE.

AKA NOGQALA

AMAYEZA

Adumileyo Ezityalo,

ALUNGISELELWE nge nyameko nange **ngqondo** kumzi wake **wa- ma** yeza e Bofolo aye ikakulu enziwe ngemiti yamayeza. Aluncedo oluqini- sekileyo kwizifo enzelwe zona. S. d. **lyeza**

Eliqiniaekileyo— Incindi **yokupilisa** ukulunywa yi nyoka, njalo njalo 7

Umpilisi—We sisu segazi, njalo njalo ... 2

Elase Afrika—Lokupilisa izinyo kwaoko ... **2 Incindi Yezityalo—Yokupilisa** intloko ... **Umhlambi Omtsha we liso—Wokupilisa** amehlo abuhlungu ....

Umciza we Zityalo we Alkali—Wece- sine 2/-, 2/6, and 3

Elokuqaba Elitsha — Le Ngqangqambo Zamatambo 2 6

Umdambisi—Wokuuba ne Zilonda njalo njalo ... ...

Umciza omandi we Rhubarb—Wokunce- da intsana Elemisipa—Lokuruneka .... 1 «

Elase Indiya lokunika mandla—Xa uno- kutyafa njalo njalo 3 6

Umpilisi Ongumangaliso—Amafuta ama- nxeba nezilonda njalo njalo............ I

Umgudisi—Wobuso oburabaxa njalo **nja- lo** / .... 2/6 and 3 6

Umgubo— Wesisu segazi esesine **Xesha** njalo njalo **1** **6**

Umpilisi we Cancer ....**21 o**

I Germicide—Zokupilisa i **Gcushuwa** njalo 15 0

Onke anokufunyanwa enamapepa ngesi Ngesi, ngesi Bhulu, nangesi Xosa.

Lamanani **axeliweyo** ngawe botile ngapandle kwe posi.

JESSE SHAW,

EDICAL (BOTANIST, ETC.,

FORT BEAUFORT,

Hadjie Nasiep Amos,

Umtungi we Ngubo,

28, Ross St, Malay Camp, Kimberley

UNGUMTUNGI wodidi olupambili.

Impahla ayigcinayo yebublungu yodwa, netandwa **ngamanene** ayaziyo lento ikublalwa zingubo zelixesha. Um- sebenzi wake e Dayimani **ungowanelisi- leyo**.

Amanani ngalungele elixesba

Ubulela **bonke** abantsundu abase Si- kwatini **nabanga** pandle, ngenxaso ngale minyaka **ilishumi** igqitileyo.

C. A. Jay & Co.

BASE QONCE.

BAFIKELWA **ngeveki** zonke **zinqa- nawa eziza nempahla** zentsimbi.

Izinto zokusebenza, zentlobo **zo- nke**, zawo onke **amashishini Izitya—Ezegilasi**, Ilampu, **Iparafini**, Amagaba, Imihlakulo, yentlob zonke, Amazembe, **Ibedsteads**, **njalo-njalo**.

YIZANI KUZIBONELA.

Ofuna ukutenga into Entsha ?

IMPAHLA ENTSHA!

NGAMANANI ALUNGELE NAMALININA ONGABA UNAYO.

IPRINTI EZINTSHA ezimabala **mancinane**, ezi pinki, mauve, eau-de-nil, tyeli, 6d. iyadi.

IPRINTI **EZINTSHA** ezimabala mahle **zokutunga** iziziba, 6d. iyadi IMIQULU YELOKWE ZANGAPANTSI ye Flanelette enemigca I-FLANELETTE EZINTSHA ezimabala amhlope namnyama, 6d I-FLANELETTE e pinki ebanzi ebisakuba yi 9d., ngoku yi 6d. iyadi I GERMAN PRINTI ezintsha ebizisakuba yi 9d iyadi ngoku 7 **1/2d** iyadi IPRINTI FZINTSHA ezi blou, **ngokwe-sibakabaka** nezi nevi blou, 6d iyadi

ITYALI EZIMNYAMA EZE KASHMIYA, ezintle, ezine-misebe, 6/6, 8/-, 9/-, 10/6, 14/6, 16/6

ITYALI ZE KASHMIYA ezi feyini, ezinamabala akanyayo 6/6, ne 7/6. Ezehlobo, Llama, ezingenamabala, Morone ezi Pinki, ezi Blou 5/- **ezexabiso**.

KAUZE KUSIVELELA.

Ubone **ezona** lokwe zitungwe **kakuhle** nezona zimfanelayo umntu apa edolopini **zokutshata**, ezona fishini **zintsha**.

KWICALA LAMADODA uyakubona eyona minqwazi ye Stroyi mihle nge 1/-, **1/6**, 1/9, 2/-, 2/6. Iminqwazi **etambileyo** ye Felt neyo- meleleyo, 2/-, 2/9, 3/-, 3/6. Ezona **bhulukwe** zilungileyo ze kodi, 9/6. Ibhulukwe ezomeleleyo ze Twidi, 6/9, 8/6, 10/-. Ihempe ezilungileyo ezomeleleyo **zamadoda**, 1/-, 1/6, 2/-, 2/6, 3/-. I-Kre- sbanti zamadoda zitshipu, 6d, 9d, **1/-**, 1/6. Ibatyi ze Kaki, zoku drila, 5/9, 6/9. **Ibhulukwe** ze Kaki, zoku drila, 4/9, 5/6

Zinokufunyanwa zonke kwa

GIBBERD & BRYANT,

E QONCE.

Yaka Umzimba

Woba **uyazinqabisa** esifeni. Akuko yeza ligqite i SCOTT'S EMULSION ekulungiseni **umzimba otyafi- leyo**.

Emva kwe Fiva

Umntu uyabitya abe nokutyafa, yayo ne fiva iyakumana imhla ude umzimba womelela. Kautate i

Scott's Emulsion

Onke amagqira **okuxolela** ukuba batinina a bantu ababe bityilo betyafile ukomelela, bafumene impilo kupela **ngo- ku** tata **eliyeza** likulu.

Amawaka Onina

Banika i SCOTT'S EMULSION **kwintsana** zabo, ba- yisebenzise nabo, kuba ityebisa ilungisn igazi, iqinisekisa nokukula kosana lomelelo. Akukonto iluncedo ku ko- hlokohlo, Ingqele **kwanesifuba esingomeleleyo njengayo**, **ifanele** ke ngoko ukutengwa r

Yimilwelwe Yonke.

Inokufunyanwa kubatengisi mayeza Nezitora **Zonke**.

LIVERPOOL AMD LONDON AND GLOBE INSURANCE COMPANY.

Accumulated Funds, 31st December, 1896—£9,956,421

Income Exceeds £2,295,000 Claims Paid Exceed £33,859,000

Fire Insurances effected at Lowest Rates

Head Office for South Africa—Colonial Mutual Buildings, Cape Town

Manager—WILLIAM HAY.

Branch Office for the **Frontier—Downing** Street, King Williams Town

P.O. Box 6] Local Secretary -HOWARD MARKS.

UKOHLOKOHLO OLUBI', UKOHLOKOHLO OLUBI.

" 94, Commercial Rd., Peckham, July 12.

" **Nkosi Etandekayo,—Andikwazi** kulu- **tyila** uluvo lwam, kodwa **ndinga ndinga- kubulela**. I Lozenges zako zenze **izimanga** ekundikululeni **kukohlokohlo** olubi. **Ku- susela** okuya ndavulwa inxeba **emqaleni**! (njenge Nkoei yase Germany, kuloko ndibulela u Tixo kuba ndingafananga nayo, mna **ndisapila**) kwi hospitili yase St. Bartholomew, **akuko** mntu ubengaba nokohlelo **olunamandla** kunolwam ; **belude lwafika** ekubeni **lindipelise amandla**. **lsikohlela Abesilukuni**, **sisininzi**, ngoku sitambile, ngoku ndinako ukusikupa **nga- pandle kwenkatazo.—Ndingowako** nge nene, **Nkosi**, J. H ILL.

UBUNGQINA BE GQIRA. UBUNGQINA BE GQIRA.

"Routh Park, Cardiff, South Wales, September 28, 1893.

"**Ndinovuyo** olukulu **ukuqokela** obam **ubungqina** kwiyeza lako elilunge kunene elizi **Lozengez zokohlokohlo**, ngoku **seyi- sibozo iminyaka ndilisebenzisa kwihospi- tili** yam nezinye indawo, ndalifumana lino- ncedo olukulu. **Ndikatazwa** futi **lukohloko- hlo** olwendeleyo ; i Lozenge yako kupela kweyeza elindinceda **msinyane**. Ngoko ke ndibayalela ukuba bonke abanezifo ezipatele ekukohleleni, njenge Catarrh, **nezikohlela** Emqaleni, Ukohlokohlo **lwase busika**, **nezinye** izifo **ezise mipungeni**. —Owako ngenene,

"A. GABRIEL, M.D , L R C.P., L M., Edinburgh. L R.C.8., L.M., Edinburgh."

Tabata ezika Keating i Lozenges Tabata ezika Keating i Lozenges.

Ezi LOZENGES ZIKA **KEATING ZO- KOHLELO, " sekugqite iminyaka enga- mashumi esixenxe anamihlanu zaqalwa. yo ukwenziwa, kukona zidywidwayo ulutengwa, kuba akuko zilingana nazo ngokunceda ku Kohlelo Lobusika, Um- befu, no Mqala; linye kupela elincedayo.**

AZINA ZIMBI.

AZINA ZIMBI.

Ezika Keating i Lozenges Zokohlokohlo elona yeza lingena kudlulwa lilimbi ekunyangeni UKOHLOKOHLO. UKU- TSHA KWELIZWI, NOMQALA, zite- ngiswa nge nkonxa ne botile ngabatengisi mayeza bonke.

ABAFUNA.

Ukutengisa Amazimba, Izibonda Zomtati, Uboya, Nezikumba.

Bofumane amaxabiso aluqgileyo

ngokuya ku C. E. NIXON.

Ningakulibali kwa

C. E. NIXON,

Otate Indawo ka J. Newing,

Cambridge Road and Ayliff Street.

E QONCE

EKA POWELL

INCINDI YE ANISEED

INOKUPILISA UKOHLOKOHLO LWAKO

ILIYEZA ELAZEKAYO KULO LONKE **ILI- ZWE**, elitengwa **kakulu** ngabo bonke.

UBUNGQINA OBUNGACELWANGA.

I **DYAN YE** VERGER YASE WESTMINSTER ibhala iti:—" **Ndacetyiswa** ukuba ke ndilinge i Balsam ye Aniseed; ndenjenjalo, ndazuza **ukuncedeka**. Ilu- nge kakulu emzimbeni nase komelezeni ilizwi."

U LIONEL BROUGH, Esq., ichule **lemidlalo** elaze- kayo **uti:—"Ndicinga** ukuba liliyeza elilunge ka- kulu kubantu **bemidlalo**, ndaye ndisoloko ndiliya- leza kodade nabazalwana bam."

U Mr. THAMAS HUGHES Chemist, Llandilo, October 1, 1896, ubhala :—"Isimanga, **sendinemi** nyaka engamashumi **amahlanu anesibini ndise** shishinini **namhla**. Ndiyakumbula uma endinika i Balsam yako **yokukohlela** nengqele, sekuzakuba yiminyaka engamashumi asixenxe yenzaknyo **Ionto**."

LIBEHLE LIZICOMBULULE IZIKOHLELA. **UKUKOHLELA** KWANGOKUHLWA **LI- KUNCEDA** KA MSI NYANE.

SWALASELANI UMFANEKISO ONGENTLA APEPENI ELISONGELWE KUWO.

Kangelani amagama ati, "Thomas Powell Blackfriars Road, London,'' kwisiqiniselo sakwa Rulumeni.

Ningayamkeli Imillnganiso. Labako 1824.

ABASE **ZIFAMENI** XA BAZE KUTENGA BA- NGALILIBALI ELLYEZA LIDALA LOKO- HLELO.

EKUKOHLELENI.

EKA-POWELL INCINDI YE ANISIDI

KWISIFUBA SOM'BEFU, NOMFULAWENJA, **njalo-njalo**.

UTENGISWA NGABENZI-MAYEZA NE **VENKILE KWELASE** OSTRELIYA, ne NYUZILANI ne KOLONI ZASE KAPA.

Ibhotile 1s. l **1/2d**. ne 2s. 6d.

Iziganeko Zekaya

Abazelweyo.

NKULA.-U B. B. no Jimimah Nkulu base Boksburg bafumene INTOMBI nge 20 September, 1898, **ngo- kuhlwa**.

XALA.-**Ngomhla** we 29 September u Mrs. Xala wase Dundee, Natal, uzuze INTOMBI.

Imibiko.

MZILA.—**Kusitele** kukufa e Beaconsfield, ngomhla we 17 August, 1898, u KATYI MAKUBALO MZILA. Yi- ntokazi emke itete amazwi amnandi, ibonisa ukuba **iyagoduka** iya apo ibise- benzela kona. Izihlobo **mazaneliswe** ngulo mbiko.

MADALA.—E Ngcolosi ku Tsolo ngomhla we 25 ku August kusi- tele kukufa u PHINEAS MADALA, unyana **otandekileyo** ka James no Sarah Ann Madala. Izihlobo mazamkele lombiko.

TENGO-JABAVU. — E King **Wil- liam's** Town, ngo 26 September, 1898, kutatyatwe kukufa obekusegazini, egule inyanga 9, u TENGO YATES (BYNG), unyana **otandekayo** ka John no **Ellda** Tengo-Jabavu. Ubudala ube minyaka 3 ne **nyanga** 5 intsuku 6. [31210

NGCWABE. — Kusitele kukufa e **Ndwe**, Lupapasi, ngomhla we 19 August, 1898, u WILLIAM DOUGLAS SONWABO S. L. **NGCWABE**, unyana omku- lu ka Stephen no Mary. Ubudala ngu- nyaka onenyanga **ezintlanu**. Izihlobo mazamkele lompanga.

KUFUNWA. — Kusitele kukufa e JUN Mbodleni, Mt. Frere, ngomhla wa 22 September, 1898, (U.P.M.) u Rev. J. Ntikinca, obudala bungama 74 **imi- nyaka**. Nali ilizwi lake: "**Ngubanina** ongandihlutayo esandleni sika Kristu?" Akafanga ulele okomzuzwana. Kubu- lelwa **kakulu** u Rev. R. P. Underwood wase Tshungwana, ngokuhambola futi ku mzalwane wake; kubulelwa nereme- nte. Izihlobo **mazamkele** lombiko.

Kufunwa

KUFUNWA umntu okwaziyo kaku- hle ukupeka, abe **ngumntu** ofanelekileyo, wonikwa umvuzo ofane- lekileyo. **Abayifunayo** londawo botu- mela ku Mrs. DUNCAN, Reserve, King William's Town.

KUFUNWA ititshalakazi yokunce- disa kwisikula semini **sase** Zwaartwater, ibe yenamava omsebenzi, itungise. Yowuqala umsebenzi eku- vulweni kwezikula ngo October ozayo. **Kobhalelwa** ngentlalo nemeko ku Rev. D. B. DAVIES, Mount Arthur, Lady Frere.

KUFUNWA.—E Pretoria umntu **wo- kufundisa** amadodana antsundu kwisikolo sangokuhlwa, ukuqalela kwi 7 kude kube kwi 9. Ofunayo wotumela ku

R. SH EMELD, Presbyterian Missionary, Pretoria.

KUFUNWA ititshala ezintatu ezine- ziqiniselo, **nencwadi** zezimilo (nga- kumbi ezitshatileyo). Kwanaba Va- ngeli base Tshetshi (Church) abane. Abafuna **lomisebenzi** mababalele kwa kamsinya ku Rev. JOHN JAS. XABA, Springvale, Umtata.

KUFUNWA ititshalakazi ezimbini zo- kuncedisa kwizikolo zo Mkosi Wosindiso. **Abazifunayo** ezondawo bo- tumela ku

BRIGADIER WILMER, Buffalo Road, King William's Town.

KUFUNWA ititshala **ezimbini**, eyi- nkazana neyindoda, zibe neziqi- niselo zombini; ziwuqale umsebenzi nge 1 October, 1898. Umvuzo ngokweziqi- niselo, awungapantsi kwa £30. **Abazi- funayo** ezondawo bobalela ku Rev. C. PAMLA, Etembeni, Pondoland.

Bonisani

BONISANI.—**Ndilahlekelwe** ngama- hashe am, YIMAZI EMTUQWA- KAZI enekolo ; elinye LITOKAZI **ELI- BOMVU** linekolo, isinqe sigobile; elinye YINKONYANA **EBOMVU** eliduna, ikwanekolo. Olandisayo wotumela ku ADRIAN ABELS, **Seplan**, Askeaton.

BONISANI.—**Kulahleke** e Dutywa inkabi yehashe empemvu, ebo- mvu buntsundu, enqina limhlope lase kunene **langapambili**, linebala elimnya- ma pambi kwendlebe yase kunene, inta- mo yalo ipakamile, linopupu olumhlope enqineni lase kohlo kwawa semva. Ola- ndisayo wotumela ku NTUKU NGWENZE, Bolotwa, **Idutywa**.

BONISANI. — Amahashe amabini, abomvu, elinye lenziwe izikeyi ezintatu, elinye licandwe indlebe yenene lenziwa isikeyi nakweye **nxele**, ngapa- ntsi **esingcini** salo lixubile ngoboyo obumhlope, itshoba lipotene, ubudala balo 6 years. Agoso amanqina angapa- mbili omabini **kwelokuqala**, ubudala 8 iminyaka, elimfusa alina mpau, iminyaka mine, itokazi asilo lam **lona**. Olandisayo atumele ku QORANA NQABE- NI, Qanqu, Etwa.

Ezinye Izaziso,

ISAZISO.—**Bonke** abaxasi betu baya kunjuzwa **okokuba** ikwata sel' ine xesha ipelile, **amabancede** ngokusitume- la intlaulo yabo; bati **abasebefumene** i accounts zabo bancede bangalibazisi. **Abangekazifumani** bangalindi ukude ize kubizwa.

ORSMOND'S

PREPARATIONS

GREAT AFRICAN

REMEDY

THE STANDARD DOMESTIC

MEDICINE

FOR FEVERS AND COMPLAINTS OF THE HOME

Vide PAMPHLET.

ANTI-RELAX

GUARANTEED SPECIFIC

FOR COLIC, DIARRHOEA, DYSENTERY, AND SUMMI BOWEL COMPLAINTS.

BLOOD

PURIFIER

FOR KIDNEY AND URINARY DISORDERS, ECZEMA AND ERUPTIONS. SORES. SYPHILIS, SCROFULA. UNRIVALLED TONIC FOR FEMALES.

FRUIT PILLS

FOR LIVER, STOMACH AND BOWELS PILES AND CONSTIPATION. ARE MILD AND EFFECTIVE.

HERBAL OINTMENT.

FOR NEW AND OLD SORES, SKIN DISEASES, RHEUMATISM, PAINS IN JOINTS AND MUSCLES SPRAINS. INFLAMMATORY SWELLINGS.

PREPARED by G. E. COOK,

MEDICAL HALL,

KING WILLIAM'S TOWN

Stop coughing!

Every cough makes your **throat** more raw and irritable. Every cough congests the lining membrane of your lungs. Cease tearing your throat and lungs in this way. Put the parts at rest and give them a chance to heal. You will need some help to do this and **you** will find it in

Ayer's Cherry Pectoral

From the first dose the quiet and rest begin; the tickling in the throat ceases; the spasm weakens; the cough disappears. Do not wait for pneumonia and consumption but cut short your cold **without** delay.

Ayer's Cherry **Pectoral** cures because it heals. It goes to **the** very seat of trouble, quiets the inflammation and makes a **perma- nent** cure. Begun in time, it is the one great preventive to all serious lung troubles.

Beware of cheap imitations. See. that the name Ayer's Cherry Pectoral, is blown In **the** glass of each Bottle.

Imvo Zontsundu

NELISO LOMZI).

NG0LWESI-TATU, OCT. 5, 1898.

SIR GEORGE GREY.

WAZALWA, ngo 14 April, 1812, mhla **kwafika** indaba zokubhubha koyise, lomnumzana Unina wayehleli everandeni epezulu e Lisbon, weva amajoni ezi- hambela esiti, " Madoda, kude kwasala **nento** ka GREY." Into ka GREY **leyo yayiyindoda** yale ntokazi, ebise mkosini e Badajoz. Ngalo- mini kanye lentokazi ibeleke usana olwaba ngu Right Hon. Sir GEORGE GREY, K C.B , elinye **lamasoldati** ake aduma ngokukalipa, umfo owa- panda amazwe, wancamisa **ngobu- gcisa** bokulaula, wenza ukuba igama le Nkosazana **lidunyiswe** kwindawo ezininzi kwelimiweyo.

INGQEQESHO.

Unina ka Sir GEORGE GREY yayi- yintokazi **engqondo** ivileyo njengo- kuba babanjalo kakade onina bama- doda azenzela amagama. Ingqe- qesho yale nkedama ibe yeyobu- soldati, ate xa aminyaka ilishumi **linesibhozo** waba kwibakala lobu- kosana bombuto wa '83, owawuse Glasgow, wabuya wase Dublin **imi- nyaka** emine.

INTSIZI.

Kuxa waye kwelo lama Ayilish, xa laliyawapitizela, awabona intsizi ezininzi zendlala embi eyayikona, wagqiba kwelokuba abe nento aya **kuyenzela** uluntu **olusezibandeze- lweni**. Okunene ke wacela, wa vunyelwa, ukuba atabate igqizana lamasoldati, aye kuhlola amazwe **amatsha** kwelase Australia, **lalise** buntsunguzi oko. Injongo yayiku fumana amazwe amatsha ezingati imbedlenge **zehlabati** zisiwe kuwo, zizixezele impilo. Imbandezelo awazifumanayo koluhambo ziyanco nywa.

IQABANE LIKA GREY.

Kuko mini, u GREY neqela bazi- fumana bepelelwe yinto **etyiwayo**, indlela inde, ise nkangala kwanti- zitshile. Njengamagora bazimisela ukutampula ezo **maile** zi 300 uku singa e Perth. Kuzo zonke ezi zilingo kubaluleke into yokuba kwi zitukutezi zake u GREY **ubesamkela** isondlo ekuleseni inewadana ye Testamente abengazanga wahlukana nayo—ebingumlingane. Eyibalisa ngokwake lento uti: "Ndite nda kukov' ukuhlafuna **umtamo** woku gqibela wompakwana **esasinawo**, ndalala **ixeshana** elincinane, ndaza ndalesa iziqendu ezimbalwa kwi **Testamente** Entsha, **ndaqala** uku- ziva ndanelisekile ndonwabile nje- ngokuba ndisakuba njalo xa ndo- nwabileyo napina ebomini bam." Kwenye indawo uti, " Ukuba beku ngengenxa yenxaso ebendiyifumana ekutandazeni nase kuleseni futi Izi bhalo, nge **ndayendingazanga** ndapu- melela ngendlela endapumelela ngayo **ekulauleni** iqela,"

IMPATO YENTLANGA.

Isiqamo salehambo saba yingxelo equqambileyo awayitumela ku Lord JOHN RUSSELL, owaye li Pakati Elikulu le Nkosazana **oko** eyanika amacebo avakalayo ngokupatwa kwentlanga **ezintsundu** eziserwada, ukuze **zihlambuluke**. Ubalule **uku- ba kuyafuneka** kwa isangena nje **Inkosazana** ekupateni abentlanga, **ukuba zifundiswe** ukuba **yeyayo** imiteto emayilaule, ukuze iti nayi- pina i netevu **ekamekileyo** yimiteto **yakowayo** ibe nokubhenela kweya- ma Biritani.

EYONA RULUNELI INCINA- NE.

Ukubuya kwake koluhambo xa aminyaka 28, unikwe ngo Lord JOHN RUSSELL ubu Ruluneli bama Zantsi Australia, kwakuba kuroxi- swe u Colonel GAWLER ngezipitipi- ti awazibangayo. Eyile umfo ka GREY ubehle wenza into ezipateka yo; ekute lakuzola wagqitiselwa e New Zealand, **kwisidubantini** esa sixinanisile kona, izizwee zintsundu **zipongomele** i **Nkosazana**. **UTixo** lisile Lelo, wangenisa imfundo, waxasa abafundisi kwabantsundu, wamisa imikosi **yabantsundu**; hai-nje lounwaba nelo.

UZE E KAPA.

Kubonakele ukuba **makatunye- lwe** e Kapa ngenxa yezipitipiti ezi ngapeliyo zeli, olwaluseluruqukile zizo ulaulo **luka** Kwini. Ufike laku- xola kweka MLANJENI nge 1854, waqala ngeziroro zomkosi wama Lawu, owawukalaza ukuba azifezwa- nga **izitembiso**. Wayalela ukuba zi fezwe njengoko. Sapela eso sipiti- piti. Ngumfo obebukali pezu **ko- kupunyeleliswa kweminqopiso** nezi- zwe zonke, yaza lonto yamenza mhle kubo bonke abantu. **Aba- ntsundu** bapatwa nguye ngobulu- ngisa—qwaba, into epambili ikuku- kuba **batantanyiswe**; yaye into epambili **ikubapanga** kumandla **obukosi** babo nawezanuse. Nguye owamisa ukuba inkosi ziwatete kunye nemantyi amatyala, **waza- mkelisa** endaweni yezizi. Wazo yisa ngobubele nobulungisa inkosi ezintsundu zelilizwe.

NGO NONGQAUSE

kwakupete elilunga, elenza konke ukuba **intshabalalo** yokulahlekiswa kwama Ngqika kungabi namonaka- lo **ngogqitileyo**.

NAKU MSHWESHWE.

Nakoka MKATSHANA—pezulu e Ntaba Busuku—waka wakufika u Sir G. GREY. Wateta ezoxolo na lowo **Mnumzana**, eyokumxelela ukuba imikosi ye Koloni uyitumele e Indiya—into awayenza ngelake igunya, engatunywanga pesheya; kutiwa ama Ngesi kweli asindiswa seso senzo **sika** Sir GEORGE GREY.

UKUBANDAKANYA.

Ute xa alinga **ukumisa** imvisi- swano ye Free State ne Natal ne Koloni, esoyikela ukuba exesheni ezindawo azikuncedana, **waroxiswa** ngu Lord LYTTON. Yema ngenya- wo yonke i Koloni, imlilela, ate ukufika kwake Engilane kanti ulaulo **lo** Lord LYTTON seluqetulwe, ipakati elitsha u **DUKE** of NEWCASTLE, waseyegqibe ukuba abuye kwa esese **lwandle**! Kwesi senzo Inkosazana ayilufihlanga uluvo **lwayo** lokuba ingakuye. Olu luhambo apa awa- buya **selesiza** no Prince ALFRED, unyana oza pezu komkulu we Nkosazana. Umzi wavuyiswa **ku- nene** yilonto, abangekayilibali na namhla abadala.

IMISEBENZI EMIHLE.

Njengase New Zealand ufike u Sir GEORGE GREY waxasa into ze- mfundo **kwabantsundu**, wamela ukuba onyana benkosi bafundiswe. Ucele Pesheya imali enga £40,000 ngonyaka, wayinikwa lipakati elali- ngu Right Hon. HENRY LABOUCHERE, ukuba **asebenze** into zokunyusa umzi. Yiyo le yaka i **Sinala** zaba- ntsundu ezinjenge yase Nxukwebe, no **Ndlovukazi**; indlu yabafundisi eno Rev. S NTSIKO ngoku e Rini yakiwa ngalomali; waka ne Grey Hospital apa e Qonce; waxasa **imfu- ndo** kwindawo ezinjenge Lovedale nezinye. Lemihlaba zimi kuyo izizwe ezintsundu yanqatyiswa nguye, ngeyizifama zohlope **na- mhla**. Akunganga ziqwengana zemihlaba awazinika abafundisi, ukuba kuqutywe into zenkonzo ka Tixo nemfundo yabantsundu kuzo. Amangesi wawanzela izinto asaku- njulwayo ngazo nanamhla nje. E **Mgungundlovu** wawenzela i Grey Hospital; ama Bhulu ase Free State wawakela i Grey College; kweli ama Ngesi ane Grey Institute e Bhai. Asikolwa ukuba kuko i **Ruluneli** eyenze **izi- nto** ezipatekayo njengo Sir GEORGE GREY, ngati ayisoze ibuye ibeko. Pumla nzwana enkulu; zonke **izi- zwe ziyalitamsanqelisa** ingewaba lako.

IPALAMENTE

ELIBANDLA lidibana ngolwesi Hlanu olu. **Amalungu** aya- kufungiswa lomini ngu Mr Justice LAURENCE wase Daimani, aze anyu- le **Umhlali-pambili**, oya kunyulwa kwiqela elixasa u Rulumeni. Aku- kavakali ukuba uyakuba ngubanina. Owona msebenzi uya kuqala ngo Mvulo, 10 October, ekungeko ma- tanda iqela elingamamkeliyo lo Rulumeni liya kupakamisa indawo **yokungamtembi**, laye likwanelele ukuyipumelelisa. Kuya kumiswa **omtsha** ke u Rulumeni. Ezonto zezezi veki zizayo.

Kulula Abantwana **Abancinane**.

"Xa **sukuba** kuko omnye kubantwa- na bam okatazwa ngumqala, ingqele, okanye lukohlokohlo oluhlanzisayo," utsho u Mr. A. Chapman, umpati we *Advertiser,* e Durban, Natal, " ndisoloko **ndibanika** elika Chamberlain **Lokohlo- kohlo**. Alike lingapumeleli **ekuncedeni**. **Ndilifumana** lilunge kakulu kubantwa- na, laye limnandi nase mlonyeni. Izimvo zika Mr. Chapman ziyafana nezabo bonke abake balinga elika Chamberlain **Lokohlokohlo**. Litengiswa ngo R. Lumsden & Co., abatengisi **ma- yeza**, e Qonce.

Impawana.

ISAZISO KUBAXASI.

ABALESI be Mvo ZONTSU- NDU **bayakunjuzwa** ukuba ngoku sise **kuqaleni** kwe *Kwa- ta Entsha,* **emayitunyelwe** yo- nke ipenana yokuqutywa ko- msebenzi kwabagama lingeza- ntsi. **Ubongozwa** okunye umzi, kuba ngokusilela kwabanye umsebenzi wase ngozini.

Abanga **bangalamkela** ipepa, eli lixesha elihle **lokuwangeni- sa** amagama.

JABAVU & BOKWE.

30 Oct., 1898.

Abasinde Emacebetshwini.

Eza **Pesheya** zinezukuba u Rev. R. F. Hornabrook, owayese Nxukwebe, nenkosikazi, babe kwi treni apa **eya- puka** e Wellingbro, **basinda** bona, noko bahlukuzwayo kanzima. Ma- boogwe **Unkulunkulu**!

Isicelo ngama Ntinde.

Isicelo **sentlanganiso** yase Qonce yabamhlope ukuba ama Ntinde, apa- kati kwedlelo le tawuni nelase Bleyi- bara afuduswe kuba ebamba, **asamke- lwanga** ngu Rulumeni. Kutiwe aba- mhlope mabazincede **ngokubiya**.

Umfi Rev. J. Ntikinca.

Sivelana **nezihlobo** ngalomfundisi ngompanga wake, ohlokonyiswe **na- mhla** kumhlati Wemipanga. Ungo- mnye wamadoda awafakwa **ebufundi- sini** base Wesile ngu Rev. Dr. Kilner, omnye wo Nobhala be Ronaskapu yase Ngilane, oko waye tyelele kweli ngo 1880, wabekwa izindla ngo 1887 kwi **Komfa** eyayila- pa e Qonce. Ngumfo oyikonzileyo Inkosi yake.

Umvulo we Bensonvale.

Baba **baninzi abantu** kulomsebenzi ngo 22 September, kwaye kongamele **umantyi** wase Herschel. Ngapandle **komninikaya** u Rev. W. Baker, **aba- fundisi** ababeko **yayingo** Rev. G. Weaver, no Rev. F. **Ellenberger** wase **Masitise**. Abantu bazibuka izakiwo ezitsba **zokufundela**, nezokulala ezita- bata indawo yezindala. Incite ibe £1,750. Ityala £600. Umnikelo walomini waba £70. Umzi waye **upantsi** kwelifu lokubalela kwelanga.

I Union.

Lentlanganiso yonyaka yase Dipe nte iwugqibe ngeveki egqitileyo e **Tinara** umsebenzi wayo. Umhlobo ebesisakuzifumana ngaye ingxelo, u Rev. N. Matodlana **akatumelanga** nto namhla. Sipaula ukuba ibingu Rev. S. J. Helm **esitulweni.—** U Rev. J. P. Ritchie umiselwe kwisitulo sobu- ququzeleli nobuveleli beremente.— **Kubonwe** ukuba makubeko intlanga- niso zeziqingata. **Kwamiswa** ikomiti yokulungiselela. — Umcimbi wemfu- ndo **usajongiwe** ukuba amadodana enzelwe isinala e Hankey, eyase Ncemera ibe liziko **lentombi.—Umo- ngameli** wonyaka ozayo ngu Rev. C. Phillips wase Johane; isekela ngu Mr, E. Jukes Knight wase Burghers- dorp.—Kwenziwe umyalezo ukuba i Knapp's Hope ibe **nomfundisi**. — Isipitipiti seremente yama Lawu e Tinara **asikapeli.—Intlanganiso** eta- kazelele ukufika ko Rev. S. P. Sihlali obuya Engilande, obalise myoli nge- hambo **lwake**. Ubuya na £500 aya kucitwa **kumsebenzi** wase ba Tenjini.

Irqvula Eyamkelekayo.

Sivuya nomzi ngemvula ezimnandi eziwe ngeveki egqitileyo—ekuzeni kufa kwayo Zibuye zawa kweli ngo Mvulo kwada **kwangolwesi** Bini, za- ngapezulu ezi zokugqibela. Sigqibe- le ziye zapatelela nase Vryburg. E Batenjini zibe nalo nekepu, e Lundi- ni **lwe** Xalanga, kwako **nokufa** kwe- mpahla, Zifike xa kukubi. Dange, Mhle!

***

Abapati bocingo bamkele izolo ezingxelo ngemvula:— **Kwezindawo** zilandelayo kutiwa " **iyana** kanye "— Kwaqoboqobo, **Engqushwa**, Emonti, Emtonjeni, Somerset East, Fort **Beaufort**, Alice, Adelaide, Grahams- town, e Bhai, **Cala**, Kwakomani, Qu- mra, Ecumakala, Dordrecht, Graaff Reinet, Aliwal North, **Cradock**, Umtata, e Skapu.

***

Kwezilandelayo indawo inxelo ziti : Ebekesdorp **alinto** ; Kokstad, lina- mafu; Barkly East, **lisibekele**; Maclear, linamafu ; Kimberley, line ngolwesi **Hlanu** nango Mgqibelo.

OFUNYENWE **SELEFILE.—Indoda** efani- swe no Duncan Davidson ifunyenwe selifile **ngapandle** kwedolopu yase Johannesburg. Ayaziwa into eyibule- leyo.

UKUTYA E **MTATA.—Umbona** e Mtata ukwinani elikulu, kuba ingxowa itsala iponti **enesihlanu**, noko ke ukutya kuninzi kakulu okutengiswayo.

OBADIWEYO. - Pezu ko Mlomo ngase Rini kufunyenwe ngeveki egqitileyo i Netevu ifile inamanxeba **esitshetshe** entanyeni, nase ntloko. nase zingutyeni. Ibisakuba yindawo **eyoyikekayo** ngenxa yezigwinta kudala.

INGOZI KA MR. GRAHAM. — Baninzi abayakuba lusizi yingozi ehlele u Mr J. J. **Graham**, igosa **elikulu** kwi ofisi epete imantyi e Kapa. Ugilwe yinqwe- lo yamahashe wawa. Noko usindile kwenkulu **ingozi**.

Umlenze wake **wasindiswa** Lelika Chamberlain.

U Mr. S. D. Gooden, umsebenzi we Lote, 98 Palmor Street, Durban uti: " Ezinye kwizihlobo zam zicinga ukuba **ndivuyiswe** kakulu lelika Chamberlain Lokublikihla, ndinjalo kanye, kuba ndiyakolwa ukuba landinceda ngomle- nze warn. Kwixesha elingangomnyaka ligqitile, ndawelwa lilishwa lokwenza- kaia kwetambo **ledolo** lam. Ekubeni ndandi kwindawo eyayi kude emagqi- reni, ndalizama ngokwam, **ukususela** oko ndangenwa zizifo ezininzi. Ladu- mba, zankulu kanye **intlungu**. Ndali- nga inkoliso yezinto ezazi yalezwa zizi- hlobo zam, zaye zona intlungu zikula. Ndibone **emapepeni** endaba isaziso. Selika Chamberlain ??? nda- gqiba ekubeni ndike ??? Ndali- hlikihla kakulu iyeza **emlenzeni**, nda- mangaliswa sisiqabu **endisifumene** nga- lo. Ndati gqolo ngokusebenzisa eliyeza **Lokuhlikihla**, yati ingekapeli ibotile yesibini ndaba **sendinokuhamba-hamba**. Ke namhlanje umlenze **wam** ababe siti bonke kuya kufuneka **unqunyulwe**, upi lile kanye. Litengiswa ngo R. **Lums- den** & Co., **abatengisi mayeza** e Qonce.

Ityalike Nezikolo.

I FREE CHURCH.

Ngomhla wa 27 ku September bekuko **intlanganiso** ye Presbitari e Lovedale-— ibizelwe ukukangela indawo enokwenzi- wa malunga **nomcimbi** olusizi wase Lovedale. Ite yak uba ivuliwe ngumo- ngameli wayo u Mr. Makiwane, kwaqa- Iwa ngokufundwa **kwencwadi** ebivela ku Mr. Mzimba eyibhalele umongameli- ntlanganiso. Ite kanti lenewadi ipendu- la ebezitunyelwe ku Mr. Mzimba zima- zisa ukuba kuya kudityanwa ngentsuku ezibe zimisiwe. Ute yena akezi, kuba kuyaziwa ukuba wazikupa ekubeni lilu- ngu le Presbitari, le imbizayo, nokuba izizatu zokuzikupa kwake **wazixela** ngo- mhla we 6 ku April, nokuba kwati naxa sekutetiwe naye **wavakalisa** ukuba aka- roxi ezwini abetete **lona**. **Intlanganiso** igqibe kwelokuba impendule ngeliti, kwaziwa nguye u Mr. Mzimba ukuba umfundisi welihlelo ufanelana ete uya- roxa, ahlale eselilungu le Presbitari ngalo lonke **ixesha** elingekavunywa elo lizwi lake—ukuba ke ngoko kuse yimfa- nelo ukuba abizelwe ezintlanganisweni ze Presbitari, nokuba usepantsi kwayo ngazo zonke indlela zobufundisi, usaya kubuzeka ngento **nenjanina** ayenzayo abengafanel' ukuyenza. Kute kwaku- fezwa londawo kwangenwa kweyesicelo esite kanti siyenziwa ngu Mr. Mzimba— sokuba itaitile zeziza ezi zimi kuzo ityalike zase Lovedale zibhalwe igama lesi- bonda **nomdala**, zingabikona egameni labafundisi ababecandelwe lomihlaba. Ezoncwadi zokucela kwabo kuvunyelwe- ne ukuba zipendulwe, kuboniswe inya- niso yalomcimbi. Kungenwe kwindawo yokuba kungaba kuseko itemba sinina lokuvana. **Umfundisi** u Mr. Stormont omiswe yi Presbitari ukuba abambe, uqube uhlobo apatwe ngalo amaxesha amabini abeye kuquba umsebenzi kwa Gaga. Kuvakala ukuba abamvumela- nga ukuba aqube umsebenzi. Ite **intla- nganiso** yakuva ezonto, yakuba izidibani- se **nalencwadi** ka Mr. Mzimba, nezinye indawo ezikoyo, yagqiba kwelokuba apelile amatemba oxolo ngoku, makuye kwahlula umteto. Eli lizwi babe banye kulo bonke abafundisi nabadala abebe **sentlanganisweni**; bagqiba kulo bebu- hlungu kakulu ukuba kube njalo.

ITSHATSHI.

U **Archdeacon** Baynes wase St. Peters, e Maritzburg selegqibe ekubeni asishiye eso sihlalo abuyele e Ngilane emva kwe Provincial Synod.

I WESILE.

URev. James Thompson, M.A., Umo- ngameli we **Komfa** owaziwa kakulu, kubonakele **ukuba** makaye e Ngilane emagqireni ngenxa yokungapili. Sim- nqwenelela **impumelelo** kolohambo.

Abantwana besikolo sase Farmerfield, ngase Rini, bebe nekonsati. Bacula kwabaluleka amaculo **amatandatu** Isolo evunywe ngu Mr. R. J. Magaba ititshala, eti " D'e Daskies," nesolo evu- nywe ngu Miss H. M. Ntlebi **ititshala- kazi**, eti " Come Home Father," ne ngo- ma evunywe yikwayala, eti "O Yes," neti " Get You Ready there's a Meeting to-night," neti " Row Boatman Row' neti " Brother Michael."

***

Inkonzo ye Cawa egqitileyo ngoku- hlwa e Tabanekele e Qonce iqutywe ngamandla linenekazi elimhlope lase Bai, u Miss **Moodie**, elibeliko ngento zozilo. Ibimi ngembambo ityalike luntsundu. Isiqamo sibo **kuzifungisa** kwa 28 ekubuzileni utywala, nakubeni abaninzi **kwelonani** bebengaba buzilile- yo kakadeni.

AMANANI EMALIKE.

E QONCE.

Ngo Mgqibelo, **October 1.—Imvula** yayi- sina, kaludaka, **ngoko** ayibanga **ukula** ima- like —Inkuni 13/. ne 42/- **ngeflara**, Itapile 15a 6d nge 100 leponti, Imbotyi 26s nge 100 leponti, Amadada 4s 9d lilinye, Inkuku **2s** inye. Ibhotolo ls 6d ne 3a ngeponti.

E MONTI.

Ngolwesi Tatu, September 28.—Imbotyi 18a 6d ne **22s 5d** nge 100 leponti, Ihabile 7a 6d ne 8s 6d nge 100 leponti, **Umgubo** wengqolowa **omhle 35s** ngengxowa, **Osefiwe- yo** kakuhle 34s ngengxowa, **Osefiweyo** nje **32s** 6d ngengxowa, **Ongasefiweyo 20s nge- ngxowa**, Umbona 7a nge **100** leponti, **Ingqo- lowa 14s** 6d ne **16s** 6d nge 100 leponti, Itapile (zokatyiwa) **11s** ne **20s** nge 100 **le- ponti**.

E DONI.

Ngolwesi Tatu, September 28.—Impahla **ebitengiswa** api **ibininzi**; bekuko nelifa lika James Filmer. **Amanani eme** ngoluhlobo Ibangu **20s** ne **40s** inye, lhamile **22s** 9d ne **31s** inye, Inkabi zenkomo £14 **10s** inye Ezmye inkabi kwakona £15, £17, £17 10a inye, Imazi zenkomo £10 15a inye, **lhashe** £21, **Amanye** £12, £8 **5s**, Umbona **19s** 3d ngengxowa.

E KIMBILI.

Ngolwesi Hlanu, September **30.—lsemile**, **5s** 6d ne 6a ngengxowa, **Irasi 10s** ne **15s** ngengxowa, Imbotyi **30s** ne 35s ngengxowa, Ikafu (Koloni) **11s** ne **14s** ngebhali, Ikafu (engentle) **7s ne 10s ngebhali**, Ikafu (eyase **Freystat**) **8s ne 13s,** Ihabile 7a 6d ne 7s 9d nge 100 leponti, Amazimba 21a ne 27s nge. ngxowa, Umgubo **ongasefiweyo** wama **Bhu- lu 26s** ne 29a nge 100 leponti, Oaefiweyo **32s** ne **34s** nge 100 leponti, **Iflawa** 18s ne **19s** 6d nge 100 leponti, Umbona ogwangqa **20s** 6d **21s 6d** ngengxowa, Oxatyiweyo **19s 6d** ne **20s** 6d **ngengxowa**, Omhlope 19s 6d ne 20a 6d ngengxowa, Umgabo wombona omhlope 21s 6d ne **22s 6d ngengxowa**, Ogwangqa **21s** 6d ne **22s** 6d, Itawele **12s** ne **15s nge- ngxowa**, Itapile 20a ne **24s** ngengxowa, **Icuba** 3d ne 4d **ngeponti**, Ingqolowa **27s** ne 28 ngengxowa, **Ibhotolo ls 6d ne ls** 9d Amaqanda **10d** ne la ngedazini, Amadada **3s ne 4s** lilinye, **Inkuku ls 6d ne 2s** 3d inye, Ikwakwini 7s ne 12 inye, Ityawa 4s 6d ne 5s, Imiqwayito **yepesika** 3d ne 8d ngeponti, Ikalika 4s 6d ne **5s ngengxowa.**

—o—

E KOKSTAD

Ngeveki engapayo amanani emalike **aqu- be** ngolublobo : —Ibhotolo **2s** ne 3s 4d **nge- ponti**, Amaqanda **ls** 41 ne **ls** 81 ngedazini, **Imigushe** 3d ne 5d **ngegcuntswana**, lorenji 6d ne la 2d **ngeqelana**, Inkuku **ls 7d** ne 3a **10d**, Itapile 15, ne **18s** 31, Umbona 14s 3d ne 18s 6d ngengxowa, **Umgubo** wombona **13s** 5d ne **15s** 6d ngengxowa, Inkani 30s ne **60s** ngeflara.

E RINI.

Ngo **Mgqibelo**, October 1.—Ibhotolo **2s** 4d ne **3s** ngeponti, Amadada **3s 6d ne 3s** 9d lilinye, Amaqanda **10d** ne ls **1d ngedazini**. Inkuni **16s** ne **39s** ngeflara, Amazimba **9s 9d** ne **10s ngekulu** leponti, Umbona **9s 10d** ne **10s nge 100** leponti, lorenji 2s 6s 6d nge 100, Itapile 16s 6d ne 18s 6d ??? out leponti.

—o—

E KOMANI.

Ngolwesi Hlanu. September **30.—Ibhoto- lo ls** 9d ne **2s** 3d ngeponti, **Amaqanda** 8d ne la 3d **ngedazini**, Inkuka **ls** 9d ne **2s** inye, Itapile **10s ne 11s** ngengxowa, Umbona **9s 6d,** Inkuni 15s 6d ne **37s ngeflara,** lorenji **4s nge 100.**

E TAFILE.—E Table Mountain kunco- nywa isifo **semilenze nokukohlela** kuba- sebenzi.

Icebo Lommelwane.

U Rev. G. R. Keet, **umfundisi** we D. R. Church e Wepener, O.F.S., ngomhla we 28 August ubale wati:—" **Ndinovuyo** ukuqinisekisa ukuba njengokuba bendi- sand' **ukukatazwa** zintlungu esiswini, ndasebenzisa elika Chamberlain le Cholera, Nesisu Segazi ngokuyalelwa **ngummelwane**, ndalifumana linama- nala kakulu." Eliyeza likulu **litengi- swa** ngo R. Lumsden & Co., abatengisi **mayeza**, e Qonce.

EMALANGA NGE SABATA

JOHN WESLEY.

[NGU KEV. B J. ROSS.]

Nakuba u Wesley engenzanga umsebe- nzi ofana nowo Luther no Knox aba- kupa intlanga zakowabo ebunyameni base Roma, wenze umsebenzi omkulu kunene, olilifa nanamhla kwintlanga namabandla amaninzi.

I ENGLAND NGEXA LOKUZALWA KWAKE.

Ngezo mini, ekupeleni kwe 1600 nase kungeneni kwe 1700, ibiyindlala embi e England ngakwizinto zakwa Lizwi. Lonto yabangwa yintswela nkolo. Ama- doda awaye pambili ngezemfundo aye- senjenje ukucinga nokufundisa ngo Tixo. Ati, ewe, asiyipiki into yokuba u Tixo yinto ekoyo. Uko: kuhleli kufanele- kile ukuba uluntu lukumbule ukuba ungumnini-nto-zonke. Use mazulwini. Wadala, wagqiba, wayeka. Uzipete zonke izinto ezipantsi kwelanga kuba wazenza wazilungisa, zashukuma, za- bamba. Bamfanisa nomdali we kloko enkulu, yena uti akugqiba ukuyenza ayiwayindishe ahambe indlela zake, ibe nayo izihambela ngokudalwa kwayo, igqibe inyanga engayipatanga. Bati u Tixo wenjenjalo ukudala ihlabati, koko Iona kuba lidalwe ngamandlakazi ama- kulu linokuzihambela amawaka emi- nyaka, abe u Tixo uzihlalele akananto nalo; woza avele mhlana aza kulicita. Umntu otandazela imvula wenza ubu- ntwana: uti makati u Somandla edale wagqiba abuye azipatapate aguqule imisebenzi yake kuba kugxwala into engento efana nomntu.

Kwakona, bati u Tixo utetile nge Zibalo wagqiba, usebenzile ngo Nyana wake wapeza. Seyiyinto yomntu ukuba ezoncawo ziqutywe nguye. U Tixo wovela mhlana aza kugweba, avuze okanye ohlwaye. Lento yokuba uhleli ezamana nomntu ngo Moya Wake ye- yabantu abaswele ukuqonda ubukulu bake abamfanisa nomntu.

Benjenjalo, bayeka izwi elimhlope le Zibalo, besiti yimfundo leyo, lulwazi. Into ebesesiyalwe kade ngayo. Kangela I Timothy vi: 20, naku ii: 8 kwabase Kolose.

Lento yakula yanaba kunene, yaba- ngela ukuba zonke intshumayelo zipole zibe javujavu, kungabiko bani ubulaleka ngemipefumlo yabantu. Iramente za- zihlalela zabonela abantu bepela luselo nazezinye izono ezibi. Ayeko amadoda amakulu, abona isonakalo alila ngenxa yabantu abafela ezonweni zabo. Wa- yeko u Bishop Burnet ne Bishop etku- lu u Seeker. Alila ekohliwe engaboni qinga, engavelisi cebo: asuke ahlamba iziqu zawo ayeka.

KWAVELA U WESLEY, wavela necebo, waluhlangula uhlanga lusifa kubola. Wati:—

U Tixo ulapa upakati kwenu.
U Yesu ulapa, uhleli enqonqoza kule yako intliziyo mhlobo warn. Umoya ka Tixo uzamana nawe ngoku : nditeta nje nawe uyakuza- ma.
U Yesu utanda ukukusindisa ngoku: ube nawe lonto uya kuyibona.

Wati u Yesu umi pambi kwako ene- zipo atanda ukukupa zona, akupe ngoku kwalapa. Mvulele, uya ku- kupa.
Inguquko noxolelo lwambata oko konke.
Ukuzalwa ngokutsha nokwamkelwa ngu Tixo.
Ukuhlala ko Moya Oyingcwele entliziyweni yako, akoyisele izono zako.

Watsho eshushu engxamile, wati, "Kutsho u Tixo ukuti ezizinto ziyaku- bako ngoku ngolu lwanamhla usuku, uyivulile intliziyo yako." Mna ndili- ngqina lake: ezonto zihla kum nako- bani nobani.

Yaba yintshumayelo entsha kweso sizukulwana leyo. Yabotusa, yabavusa, yasindisa uhlanga. Ngalinye singati u John Wesley waba ngumprofeti we England walusiza uhlanga lumlibele u Msindisi.

Kulenteto ndizakuyenza, ikakulu ndi- zakulanda umkondo abamba ngawo ukuze ezinene zide zicace kuye intshu- mayelo nemisebenzi, neramente ne- newadi zake ; izinto zonke asizizo ezili- ngene amapetshana amafupi ngala ndimana ukuwabala.

UBUNTWANA

Siqala ukuva ngaye ngosuku lwe 9 ku February, 1709, mhlana kwatsha indlu kayise, umfundisi wase Church, e Epworth. Ngemizamo emikulu intsa- po yakuselwa endlwini. Bati bemi pandle uyise, weva umntana ekala pc- zulu, ejinga endlwini, Ute akuputuma wafika e "stairs" seyitshe yawa, kuvuta konke endlwini. Abahlobo benzi ilela ende, ngokwayama udonga ngapandle, indoda ime emagxeni kwenye, bada bafika kule festile ise qonga, bamkupa umntwana. Yayingu John Wesley lowo, eminyaka mitandatu ezelwe. Akazange ayilibale lonto wati: "Mna ndisikuni esinyotulwe emlilweni," nalamazwi wawa shicilela kumsesane wake wokutywina. Nonina akazange ayilibale lonto. Wati lomntwana ndi- mpiwe kabini ngu Tixo, ndilindele izinto ezinkulu kuye, ngoyena uzaku- gcinwa aqoqoshwe ngokupindiweyo.

ABAZALI BAKE.

Ebengumntwana weshumi kubo, engowesine unyana, eziwa ngabantwana abasitaba, kuba unina wazala ishumi elinesitoba. Uyise waye eyindoda eyo- meleleyo, elungileyo, ezalwa luhlobo olukwa njalo. U Bartholomew Wesley waye ngumfundisi wase Allington, wa- gxotwa apo, wakutshwa ebufundisini ngexesha lika Charles I ngokucasa inkohlakalo zalo Kumkani, ne Bishop zake. Nonyana wake waba ngumfundisi e Blandford ngexesha lika Cromwell, waba ngumfo otenjiweyo ngesimi- lo, edumile ngemfundo. Ute akuswele- ka u Cromwell, kwapata unyana ka Charles I, owamgxotayo lomfundisi kuba engavumi ukutobela u Kumkani ezintweni zonqulo. Wafakwa nase nto- longweni ngokupikela ukushumayela izwi lika Tixo i Bishop zimalela. Ngo- bo bunzima itolongo zezomini zizingenje ngezi zikoyo ngoku—wangenwa bubu- lwelwe wafa eselula. Unyana wake u- yise ka John Wesley, akabanga nako ukuvana nabahlobo bakayise; kuba lompato yo Kumkani ne Bishop yaba hlungisa kunene, baka bangati bapa- mbene intloko ukucasa i Church Nga- londlela wangena e Church eselula, wazifundisa ngeyake imigudu yedwa. Wabamba ngenyawo ukuya e Oxford, wafika ene £2 16s wazixasa ngokuba sicaka kwizi tyudisi ezi nemali. Ute ngoko ??? wapumelela [text missing]

Naye wayekwa luhlobo olulungileyo olwatshutshisa ngenxa ye Lizwi. Ibiyintokazi eyomelele kunene, enemfu- ndo, engum Krestu wenene. Abantwa- na bafundiswa nguye, kuba umfundisi ebenomsebenzi obanzi,—ebehamba kakulu kwintlanganiso e London nakwe- zinye indawo ngokutenjwa ngabapati bemicimbi yebandla. U John waba sesikolweni esipetwe ngunina wada wakoweshumi unyaka. Wati epuma kuso waqala kwaoko isi Latini, isi Grike, nesi Hebere. Unina ebesenjenje uku- bafaka abantwana emfundweni: Baye- kwa abakatazwa konkena bade bagqibe owesihlanu unyaka. Amfate ke ngoku ngolokuqala usuku ebefunda o A um- ntwana ade abazi bonke kakuhle ngalo mini. Ngolulandelayo ebeqala ukuspeli- sha afunde ivesi ibenye, angayeki ade ayazi ngolosuku.

I CLASS YAMA WESILE.

Bekufanele ukuba ibe yilentokazi ekutiwa ngumzali wobu Wesile, kuba i Class le yaqalwa yiyo. Aba bantwana yabafaka e Klasini yokuqeqeshela eza- kwa Tixo izinto. Kanti ayipelanga apo. Ngazo zonke iveki yayibatata ngabanye itandaze, ibuze imibuzo, ixoxe nabo ngezinto zompefum lo.

Siyabona ke ukuba u John Wesley waye ngowegazi elilunge kunene nga- macala omabini; enjalo nje wafundiswa wagcinwa kakulu eselusana. Sesibona ke ukuba u Tixo waqala apo ukutsha yelela izinto ebeza kuzipa uhlanga lwakowabo ngaye.

UNINA KWA KONA.

Ngezimini lentokazi kwakuya kutiwa "Yimazi epala nenkabi." Ute kuba ebeqele ukuquba inkonzwana nosapo nezicaka ngokuhlwa nge Cawa nxa umfundisi ebeseluhambeni, yasuke lenkonzo yakula ngokungena kwabanye abantu. Abacasileyo babalela umfundi- si besiti ayifanelekile lento. Wabala wati kumfazi: " Lento ayilunganga, ifana nento esecaleni." Ute ukupendu- la, kwangokubala: " Lento ayifunwanga ndim, aba bantu bazekuva into ebendi- kade ndiyiqubela usapo lwam. Ewe, iyafana nento esecaleni, kodwa nawe uyazi ukuba zonke izinto ezinempembe- lelo entle zibizwa ngelo gama xa zinga- qutywa ngumfundisi epulpitini ngezimi- ni. Aba bantu, kumbula nawe, akuko nendoda enye pakati kwabo ekwaziyo nokulesa oku, ndibona ngati ndiyakuba netyala ku Mdali wabo ukuba ndifane ndabayekela ebudengeni ngokoyika ukubizwa ngamagama amabi. Lento ndiyiteta ndingumfazi wako, ukuba ke undiwisela umteto oti yiyeke lonto, ndiya kuyiyeka." Umfundisi akazange awuwise lomteto, wahamba ke umsebe- nzi.

ISIKOLO NEMFUNDO.

Ute akupuma kwesika nina isikolo waya kungena e Charier House School e Landani ngo 1714, eneminyaka eli- shumi elinamnye ezelwe. Wafunda ngenkutalo enkulu, waqabela kwintanga zake ngesi Latini nesi Greek nesi Hebere. Ngezo mini kwizikolo ezikulu amakwenwe ayepatwa ngamadala ika- kulu, nakwinto esezilunge ne boarding masters ngoku. Wati u Wesley kuba eyintwana emzinjana mncinane, enge- nako ukuzi kutalela, wapatwa rabaxa kakulu. Inyama wayiva ngebaqo, waqala ukulamba nokubetwa. Ude waqelana namancinane odwa. Naku- lento wancedwa, waqala ukunyamesela ubunzima ezolile, nokuswela into-yinto ezininzi ezitandwa ngabantu.

Mayela nezompefumlo akulunganga esikolweni. Ute yena ngokwake ngezo mini, itemba lam lokusindiswa lalimi pezu kwento ezintatu :—

Ukungafani nabanye ukukohlakala;
Ukutanda izinto zase tyalikeni; Ukulesa i Baibile nokutandaza.

(Isaqutywa.)

ISIFUNDO SE BAIBILE.

SE CAWA, 9 OCTOBER, 1898.

Ulaulo oluhle Luka Yoshafati.—ii Kron, xvii ; 1-10.

Kufuti-futi emva kwemvuselelo ku- bako ukupola, baze abaninzi babuyele kwakwisono sabo kakade. Lento ilusizi, bekungafanele kubanjalo. Akubanga njalo kule mvuselelo besifunda ngayo ngeveki epelileyo. U Yoshafati wawu- quba umsebenzi owawuqalwe ngu Asa.

1. Wazomeleza ngokwake ngakuma Sirayeli v. 1, "Akahamba ngokwenza kwawo," vesi 4, ngokuba kwakungeli- xesha u Ahabi no Jezebele babelaula usapo luka Sirayeli, besenza isono nga- ku Tixo, bekonza u Bali. Abaninzi abebevuselelekile babuyela kwase so- nweni, ngokutsalwa zihlobo zabo, naba- melwane babo. Ngoko ke ukuba singa singahamba ngendlela yobulungisa ma- sizikwebule kwindlela zabakohlakeleyo, ii Korinte vi: 17.

2. Uyoshafati wayalela ukuba abantu bafundiswe umteto we Nkosi, ivesi 9, ukuze bayazi imiteto ka Tixo bomelele enkolweni. Le yinto esifuna yona nati. Kuyimposiso ukucinga ukuba umntu oguqukayo ezonweni zake, ekolwa ku Yesu, usindiso lwake selwanele. Koko- na luqalayo maluhambe ke, ubomi obutsha obukuye mabondliwe, kunge njalo buya kutyafa, bungakuli. Esi sesinye isizatu esibangela abo bebevuse- lelekile babuye umva. Abayilesi i Baibile ngangoko kufuneka ngako, baze ke ngoko batyafe, babuye umva kamsinya. U Yesu wati abo bakolwa- yo mabafundiswe: Matewu xxviii : 20, U Petros usixelela ukuba singezelele ukolo Iwetu ngolwazi nezinye izinto ezininzi, II Petros i : 5.

Ke ngoko ukuba singa ibandla lingacu- ma libe nentsikelelo ezingapeliyonjengo Yoshafati ebukumkanini bake, masita- bate umzekelo wake kwinto ezimbini, ukuzikwebula kokukohlakeleyo silese Izwi lika Tixo.

AMANQAKU E TRANSKEI.

[NGUMBHALELI.]

Siyabulela ngamanqaku esiwabona e MVENI okuyincoma ubugora boku- mela kwayo umzi ontsundu. Indoda ibufumana mhla kupetwe intonga. Umfo ka Bokwe lowo engabalekanga wakushiya nje uzifumanele igama emzini. Indoda leya yona seku sazi yona ukuba imko ukuma pambi kwe zikali zamadoda asemzini.

Makuvele umnt' omkulu ayale idyongo engu Judge Sibeko, amqo- ndise ukuba ukulwa ngepepa akwe- njiwanje, oluhlobo lolwamaqaba, na- maqaba engala abamba emigidini. Uti u Mr. Sibeko ubeya kubetwa u Mr. Jabavu. Lowomntu kunje aka- pumi sidulini, uyazalwa, uligazi eli- pambili. Ukuba ubuke walinga wambeta ubuya kubona imbovane ezinyakazela macalana onke, ezivela apa e Transkei, Healdtown, Tembu- land nase Kapa. Lite lakufundwa elinqaku ambuza futi amagezana uku- ba upina lowo mfana simlungise ngezandla kuba uyilahlile indlela yamanene yokuxoxa, Sanqanda ke tina. Ncedani nimfundise ukuxoxa lowo ka Sibeko.

Lifikile ipepa lakwa Rulumente eliyi Proclamation elicaza ukuba lifikile ixesha lokuba ucandwe umhla- ba wase Fingoland. Kuya kuqalwa ngesitili sase Gcuwa. Into embana yeyokuba elipepa lakwa Rulumente liteta isi-Ngesi, linamacala asibhozo, lide, aliviwa ngumzi. Ititshala zi- twele umsebenzi ukutadisha lomaga- ma angawanqabileyo—o Aqueducts, Defrayed, mortgage, pledge, nenys into eninzi. Umnqweno womzi unga u Mr. Jabavu angafumana indlela yokuyiguqula ibe sisi Xosa. Koda kucandwe umzi usenkungwini ngesi si Ngesi.

***

Tina mzi ontsundu sinezila ngoku- bhubha kuka Sir George Grey, Noku- ba ukuteta kwetu akukuvakala. Si- yayikumbula imisebenzi yake eteta ngaye ukusuka e Kapa de kuye e Natal, nase Lusutu, njalo njalo.

Uluvo Lomtengisi Mayeza.

UF.W.C.Thomas, umtengisi mayeza e Claremont, usand' ukuti kutsha nje' "Kuluvuyo kum ukuyaleza elika Chamberlain Lokohlokoblo kubatengi bam, kuba isoloko isanelisa." Litengi-

INCOKO

Itoliki zilumkeleni bafundisi, utsho omnye. Nditsho ngokuba ude umntu ayishiye ivesi ngokucaza izinto zase mafini ezingafuneki nganto, ukuze ati ubuyela evesini yake, asuke antywile esingesini, atsho singeva tina maqo- bola. Hayi usizi nakula maxegwa- zana atshonelwa nge grama, angeva nto. Hayi abantu abamnyama.

" Qashi-qashi ' bhuti ' kubhalwe ntoni kwelipepa (i results ze Vacation Course)? Hi- hi, kauti ke yintoni Lucy? Yi ' list ' yabafundisi base ke yona. Kwa-wu! Tyi- la, msukunxhama ngokukuza; tyi, yinile, hlelinje ngonantsi aba; nda- ncama madoda ngokwenene sisele; ummrwa wekaba ulapa."

" Ngokwenene andizikutyeba ndiza- kuba situbutubana, nditi ukuhamba : tam tam tam."

Yintonina nkabi ? Tyini, mna andivotelanga ezizinto zise situbeni, ndavotela inqubela. Kuzakupuma amanzi enqantosi yetafa, namaxande- ka aza kuncenceshelwa; lonke eli lizakupala ololiwe."

"Ha-ha-ha, akundihlekisi undicu- bhula intumbu." Look here my dear fellow, kaubuze apa ku Dlamini uku- ba babulelwa ngantonina emva koku- gqogqa ama Ngqika kwa Hoho, xa babe sebemana ukuti abelungu " good Fengo, hamba pakati emhla- tiai—mhle nguwe." Kwatiwani ke? Tyini, bapangwa imipu lakuzola. Uyakubona isipelo solutando —uya- kuhlutwa lovotana yako, wena unga- mvoteliyo ose " situbeni." Umlamli ke ngoko unyanisile, kakade kulamla ose ' situbeni.' " Yo, yo, ko, ndizirwi- tshile. Tutu, iseko noko impunde o Sawala; uze kodwa ulumke ngomso."

Uyabonwa! uyabonwa! Hegre— Ngnre- ngnre, Qwhi-qwhi-qwhi, Xini- va, iraqaza, usihamba ngenyanga. Yintoni betu, ingaba lengqeqana ite qwa iziqwisha nje ibona mna? Ra- shu-rashu inkewu ihla umfula, ibe- kele pantsi komzi. Usenjenjalo-nje uyabonwa, ingrhi-ngnha-ngnha. Hi betu, lengqeqe iteni? Hayi noko ayiboni mna, ndikude; itsho ipkabi noko ibutambeka, ibekele ele komzi; tu ngapa. Towlo-towlo ngromfo- ngromfo—nywashu ukuhamba. O, imbone ingqeqe —walamana nabani apa ? Hi ngnhro-ngnhro-we ngnhro- ngnhro ; iwenze mafupi, weh ezinku- lu. Itate unyawo inkewu yeva koxo- ngo. lwu! isela, vingca amazibuko. Yinile wapela umntu. Qote endlini ingqeqe.

" Yo, he ; mfondini lento ifana nale ka Sawala." " Yipi kanene ? " " Hayi nditeta le kwavela abanye bati babo- ne u Sawala etsbaya ngenqawa ye Bhulu. O, unyanisile man, kwe nxwe ngoko " nocebeyi " kwakuma nge Gqili nangolwandle. Ha-ha-ha, man une nonsense ezininzi. Kanene kupumelele bani e Alvani ? Yinile, wayi top u Sawala ; msukundinyiki- nya "Vayisi." Yes man, u Kloyi wayi bottom. *Hlelinje* akutati interest kwi "politics? "

ful noise, kwatiwa makati *go* down two places ezantsi ko Botile. Uti kanene anditati interest kwi Politics? Pooh! what you call politics out here? Nina kupela nilandela isuti zika Rwozi zimikono mide— qwaba ke, that is all.

" Kwo! mntaka bawo ndeva ingoma emnandi ngapa e Klipdam, e Barkly West. Ingoma etini wetu? Yo, pulapula ke iti:—" I am a progressive and of course support Rhodes." (Chorus) " Good old Rhodes. " We- he-he, hlelinje uteta leyo ; yaqala apa e Kei Road ke " tata."

Lento yokubeka imali esityeni e Caweni ubuye uyitshintshe, noko ayi- bonakali kakuhle. Yati enye indoda, kula kade eneta, sezinzima indlebe, yabeka, yatshintsha; kwebidi nom- hambisi sitya ; kuyaculwa ke : yapela ivesi, kwakuxa unkabi adanduluki- leyo kakulu eteta nge " tshintshi " yemali yake. Asinto ukubambi olu- tshintsho lwedobilityi.

Intokazi egama lingu Hannah eyayi- gxekwa kutiwa iyeba, itete nenye bevasa ingubo. Ute omnye, uke weva na Anti ukuba kutiwa uyeba? Omnye, "Ewe," watsho wavasa. Kekaloku uzakuti-tu noko? Upakamile kanci- nane kuba ebetobile, wati encuma, " Inkosi iyazi ukuba andibi, ke ngoko andingegqibe xesha lam ndicacisela abantu ukuba lonto asiyiyo nyaniso. Ukuba ndenza okulungileyo kwanele oko."

Kakade bonke abantu xa bengaye- nzanga lonto kutiwa bayenzile abange- zidubi ngokupendula ezonto, kodwa yena owaziyo ukuba kutetwa inene yodwa wofika oxuxuzela isisu kuba kaloku kugalelwe iyeza ngapakati kuye Akunjalo yini?

Ukuzigcobisa.

I KRIKETI.

KIMBERLEY.

Kwintlanganiso yokuvula i Season yombu- to wo Eccentric, amalungu ayepelele ngoko- mnandi. Ingxelo yo Nobhala ayibanga ntle, naye wapoqa intlanganiso isepakati ngenxa yokofutwa kwake ngawe nqabela amndodana, kwabamba wumbi endaweni yobalekileyo. Kute ngokomka kwe Captain kuba yaya kwa Gcaleka, akwabi nakuqonde- ka nto ngodlalo olugqitileyo, yati ngeko intlanganiso yeqwanta. Isigqibo ekugqi- tywe kuso, sesiya kuba sesikatazayo kulo nyaka, nokokuba kungadlali Every Jack and Tom ongarumiyo, ayifuneki lonto kuti; pay up mfana kuyiwa e Koloni.

***

Kungenwe ekunyulweni kwabapati bo- msebenzi kule Season, amaqashiso ema ngo luhlobo:—President, Solomon Madevu ; Vice- President, S; S. Nxusani; Captain, G. H. Sepuru; Vice Captain, J. Sikili; Secretary and Treasurer, J. Ngcezala j Assistant Secretary, G. Ndzabana, Com- mitte, Saul Mankazana, J. Bud-Mbelle, T. Wm. Xipu no M. Tlabakoe.

Enye indawo kutiwa ma Koloni niteta kade nge Tumente, amehlo abomvu kukujo nga, yini na namhla kuko Izibishoni emzini ka Graham. Bafondini tetani kusakanya nje, singabantu bakude, asoyiki sinayo ne Hall ebizwa ngokuba sisikumbuzo Somnta- na Omhle u Queen Victoria kuyakuqutywa tina, imini azifani Ezipasini nase lunyu- lweni. Asimlahli u Jabavu no Bokwe tina Gxoba wena.

PORT ELIZABETH

I *Wide Awake CC* - Lempi ivulwe nge 29 September. Ingxelo yepelileyo i Season ibe yencomekayo kunene. Kudlalwe i 16 matches, 13 won, 2 draws and 1 lost yaba ke indwe itwelwe yi Wide Awake kwepelileyo i Season, Oku kwenziwe ku- kusebenza kwabadlali ngamxelo mnye. Akubonisa kwalonto lamadodana nakule ingenayo i Season, ayiniki indwe kuwe.

Nango amagosa amatsha President, J. J. Bassie; Vice Presidents, G.C Kwankwa W. Hashe, Captain M. Yobo Vice Captain T. Rune Secretary R. Haya Treasure J.J P. Vena Committee, G.C Kwankwa, W. Pitoyi, R. Haya

Brothrely Unity C C.— Kuhlangene eliqe- la ingentla lamisa amagosa ngoluhlobo - President, Stephen N. Katta Captain, Andrew R. Ross; Vice Captain, Joseph N. Nikani; Secretary, Pepani M. Falayi. zi ukuba kotekanina kulonyaka, kuba neponi ka Nikani itembise kakulu kunyaka opelileyo.

JOHANNESBURG.

Ubuhlangene umzi ka Ndlambe ngomhla we 11 ku September. Uvuse izitende, kuba ubufudula usaziwa ngexesha lika Maggs, umpati wesikolo eso. Umzi ugqibe ngoku nyula ebapati bomsebenzi lowo kwangelo xesha. Nango ke amadoda anyuliweyo, emi ngoluhlobo :—Captain E. Matross,Vice Captain A. Tutu, Secretary 0. Ntutu, Traa. snrer K Samela, Committee G. Tshatshi, B. Tutu, T. Garha.

UNYULO OBELUKO

Abakokeli Bokujongwa.

Taru Mhleli nani mzi. Lugqitile unyu- lo obeluko namahlazo alo — kekaloku ngoku siza kuketa amadlala kulo ukuze sihlale ngoxolo njengalempi imhlope.

NGOBANINA AMABAKOKELE ?

Make nditi kuqala : Ngobanina abantu amabakokele umzi? Impendulo iyakuti yimpi efundileyo Ewe kulungile oko, kodwa imfundo engena ngqondo yemvelo inaluto na? Lempi yonke ifundileyo iza kukokela umzi na? Xa nditshoyo umzi uz' uke undinyamezele. Impi yakowetu ishishini layo ikakulu lelokuhamba ne- nqwelo, nokulima. He! Inkabi ezifa- kwa pambili ziba zezinjanina? Kona ekulimeni ayoyikwa na inkabi edla ngo- kujika yapule izikeyi, okanye yapule umhlakulo? Kuba ngakumbi ukoykiwa kwenkabi enjalo xa ibotshwe enqweleni. Xa ndilapo ke nditi inkabi ezitsala pa- mbili zijongeni zingabhukuqi umtwalo— umzi ke.

OSIFUNDILE.

Inteto eti: " U Jabavu uqelile, akayi- hloneli imfundo yabanye abafunde nje ngaye, abafunde kwa ezincwadi azifundi- leyo, njalo njalo," ingaba iyinyaniso lonto, kuba imfundo exonywe emngeni ayinaxabiso. Aba bantu bati bayintanga ka Jabavu, bafunde kwa njengaye— eli- xesha lonke bebepina beqala nje ukuvela? Bebeko, koko bebesemke namanqaba- nqaba elizwe ; bayabuya ngoku. Kanene ke sebeza kushumayela bengalingwanga na? Nakanye ukuke mna ndivume.

IYANTLUKANO.

Aba bantu kade bebehleli befuna le yantlukano. Bebehleli befuna lo Spiligi nalo Tshambuluka, koko bebekohlwe yindlela yokushumayela iviwe ivangeli yabo. Hayi ke levangeli yobuhlanga! Nditsho kuba yiyo le namhla bangene ngayo ; bahlula umXosa ne Mfengu, i Bhulu ue Ngesi, njalo njalo. Kanyela ukuba uyatanda. Kade yona lempi yakwa " Gompo " xa kungenwe apo ici- koza ide igongqoze. Ndimangulisiswa yilempi ivela ngase Ncemera, kuba lo Tshambuluka ibinicasile oko ibisekona. Kungokuba wayeteniua oko?

UKUNGEMISI.

Lempi mzi yijongeni, ifuna ilungelo layo. Nditsho ngalomzekelo ungentla, kuba kambe namhla imkile, itumela izwi eliti votani u Tshambuluka, lamntu yayi ngamfuni oko ibikona. Pezu koko — abakokeli mababe ngamadoda anamava nanamaziko. Xa silanda aba bakokeli batsha bonke sifuruana izipitipiti apo bahamba kona. Hayi ivangeli yobuhlanga etsho umzi wazimfama! Azinya-

Niso na ezizinto ndizitetayo?

Lamadoda apambili wona akafani no Messrs. Mlilwana no Matyolo, zona ntwana zedolo- pu? Ukuba kunjalo ke kuhleliwe njani na emakayeni aba bakokeli? Akuko kupitizela na? Ukuba kuko kuze ngaba- ni na? Bajongeni aba bantu nibafunde izimilo zabo, nandule ukubanika intambo zomzi.

IHLAZO LE NCEMERA

Lona ihlazo le Ncemera andililibali— ukufuna u Tshambuluka ebelikade linga mfuni. Kuvele ntonina mzi wakowetu? Iyawa yivangeli yobuhlanga leyo ihamba apo. Uxolo Mhleli ngokuntyuntya andi- zenzi, ngumcimbi. Ukuba ezingqondwe- ni zako kuko ndawo imanyumnyezi faka igama elo lam, kungenjalo nalo igama.

SCHOLAR.

Inteto yoka Sibeko.

NKOSI MHLELI,—Wondinyamezela ku- ba kumhlana ndiqalayo ukuposa igada kwelopepa lamanene. Into endindulu layo, Mhleli, ndibona EMVENI ye 21 September inteto endite ndakuyikangela ayandondla, inteto endiyiqondayo nam ukuba asiyiyo eyokufakwa epepeni— inteto ebolileyo. Inteto etete kakubi ibhekisa ku Mr. Jabavu. Inteto ede yateta nangokubeta. Hai olunyulo beluko ne arente zalo! Kuko elinye ilizwi endalifumana libhekiswa kubantu belipezulu ngabantu balapa, eliti wena walahlwa, kanti akunjalo. Qina Mr. Jabavu enyanisweni yako. Asazi kambe i Palamente iza kungena solibona ilungelo elovela kwezi arente zikuxhuzulayo. Mhlaumbi woba nawo amadoda awokulandela. Qina enyanisweni yako. Wati u Yoshuwa kuma- doda empi yakwa Serayeli akuba exele- lwe ukuba nampa okumkani abahlanu emqolombeni wati mabakutshwe, wati kumadoda ake nyatelani ezintanyeni zabo, bazimisa ke inyawo ezintanyeni zabo. Ke lofika mhlaumbi ilixa ezoti ezi arente zikuxikixayo uzinyatele nawe ezintanyeni zazo. Yomelela kozi olu- mdaka lwenduli zase Nxukwebe, oluti lwakubhabha luvelele i Bhofolo. Lenteto ke ndiyiteta nje ndenziwa yinteto ka Judge ; babepina oko wafumana imbula- leko yokuya e Cape Town unengqanga ka Makiwane uyokubulala ipasi engqo- ngqo, bezipina ezi arente ngezomini?

Mandiyeke apo, inyawo zam zimanzi; undixolele Mhleli ngokwenza into ende ndingateti nto.—DAVID MGCUWE, Pirie.

INTETO YOBUNDLAVINI.

NKOSI MHLELI PEPA LIKA NTSUNDU,— Ndindululwa yinteto ka Mr. C. P. Matyolo kwipepa le 21 September, 1898, ndakangela ngasemva, ndafika emi kwinene nenyaniso engena kupikwa na- ngubanina; ndakumbula ukuba amaga- ma anjalo ngawo la akutaza amadodana ase Glen Grey ukuba atete inteto zobu " Ndlavini," ezingezizo zobunene ukuzi- hlonipa umntu ngokwake. Wokumbula mfo ka Matyolo ukuba lenteto yako ndayiteta kwi "Xegwana lakwa Ndla- mbe," lafa namtanyana loyika ukuzi- beka igama lalo. Wokumbula kumadoda amabini anteto intlakantlaka, wo- fumana ezilibele ubume bawo, kodwa kuse kuputshwa levoti kupela ngonkeu. Wondixolela ngelozwi. Kuwe "Mooi" ndingati kulula imbadada ezinyaweni zako, kuba umhlaba omi kuwo ungcwe- le. Mna nditsho -elotyolo lise Qonce lika Nyauza, ka Thahle, lika Ndayeni, lika Ziqele, lika Hlambangegazi, lika Talakadudu, inyoka ekohlwe ngumngxu- ma. Ngaba na "Mooi" ufuna ukuze- nza u Faro II kubantwana, mhlaumbi kusapo luka Sirayeli na. Lumka ke "Mooi" nalo ulwandle olubomvu nga- pambili.

Ndobiza oka Mlilwana apembe umlilo akutshise ungeva nje; ukuba akumazi buza kumadodana ase Beaconsfield. Nga- lamagama endyuwana abumini, ndiyeka ngeliti ihlazo! Ihlazo ngenteto erabaxa nge Herschel. Owenene,—J. B. MGWEBA, Waterberg.

Izizatu zovote ne Bondi.

MHLELI,—Ndifuna ukubhekisa ku Mr. makangatsho ukuti u Mr. Jabavu ulahlekise umzi, makati ude wawunceda umzi naxa inxenye ilahlekiswe ngu Judge Sibeko. Kuba lento nditshoyouti u Sibeko, " U Mr. Jabavu yi Bondi," into angazange abe yiyo, nenditemba ukuba akasokufumane abe yiyo msinya. Tina kutiwa silahlekiswe ngu Mr. Jabavu, kungenjalo. Apa e Paarl sivote ne Bondi kuba tina silwa u Rhodes no Sprigg, yaye ne Bondi isilwa kwanabo ngezayo izizatu. Asilahlekiswanga Jabavu, engalahlekisi kananjalo Malu- nga nale ndawo yokubeta ke andingeni kiiyo kuba mna ndingumpakati, andi- ngeteti into ebonakala ukuba uyitete engaqondi njengaba bantu sazeke bafane batete emtayini. Beka negama lam. BRYCE BALFOUR, PAARL, SEPTEMBER 24 1898.

Indatyana

IPOLISA *v* JONES.—Ityala lepolisa lala- pa u Jones, elidubule umntu omnyama lilindele i Jaji.

E QITSI.—Into ezibalaseleyo apa ku- balela kwegala, yindlala, ubiwo—ezizi- nto zibamba ngamendu.

E DURBAN (NATAL) —Kuko i Indiya elisematyaleni ngokusuke libulale um- fazi ngapandle kwesizatu.

SELOTETWA PAMBILI. — Enye intokazi ebiza kuteta ityala layo e Jajini e Monti lokubulala umntwana wayo, ifahle seyi- kufupi i Jaji; itatyatwe sisifo sepepa.

IMIKWA YAMAGQIRA.—Kwa Bulawayo kuko umntwana obulewe ngomyalelo wegqira, ufakwe kumngxuma wehodi wagityiselwa ngamatye.

UMLILO KWAKONA. — Kuleveki ipeli- leyo apa e Qonce kutshe indlu yokwe- nza imatshisi; bati indleko ziku £150.

UKUZITSHO—Enye indodana efundile- yo entsundu apa e Monti ifumene inya- nga ezisitoba entolongweni ngokusuke izibalele incwadi yokuba inesimilo esihle ize ke ngoko ibale igama lomfundisi ngapantsi. " Ukuzincoma akwenzi si- milo," esi siteto esidala.

IBODI YAMANGCWABA. — Ibodi yase Qonce idibene ngo Mvulo ngemicimbi. Unobala, u Rev. H. Gutsche, ungenise ukuba irafu yamangcwaba yabantsundu inyuswe kwi 1s ngomntwana ne 2s 6d ngomntu omkulu ukuba ibe 2s 6d ne 5s. Liya kuxoxwa elicebo kwintlanga- niso ye kwata ezayo.

UMJIKELO WE JAJI. — Ijaji kwelase Mpumalanga iyakuwuquba umsebenzi kwezindawo zilandelayo

Dordrecht, Mvulo, October 10.
Cala, Tatu, October 12.
Butterworth, Mvulo, October 17 Umtata, Mvulo, October *24* Kokstad, Mvulo, October 31.

IJAJI ZELIPEZULU.—U Judge Hopley, ohamba umjikelo welipezulu, uyakuwa- teta amatyala kwindawo ezalatiweyo ngemini ezixeliweyo:— Middelburg, ngolwesi Ne October 6. Steynsburg, ngo Mgqibelo October 8. Burghersdorp, ngolwesi Bini October 11. Aliwal North, ngolwesi Hlanu Oct. 14 Barkly East, ngolwesi Bini October 18.

AMACEBO MALUNGA NESIFO

INGODLO ESEMQALENI.—Sisifo esikolisa ukukataza abantwana, nangani sibakoyo ngamaxa wambi nakubantu abakulu. Le ngodlo emntwaneni ibangelwa kwa- zizizatu ezizisa ingqele kumntu omkulu. Umahluko omkulu pakati komqala ne ngqele ngulo wokuba umqala onengodlo wona xa ukoyo, kudumba kupela ama- ntla kaqoqoqo ngapakati, kubeko ulucwe ngapakati olwenzela bumini. Olu lucwe, nokudumba ngapakati, yeyonanto yenza ukuba kubeko . ingozi, kuba ziwuvala umqala ziwuti lwale, asuke afe ngoku- vingcana komqala. Upawu lokuqala kukuti koto komqala, emakuti kumntwa- na, nakumntu okatazwa sesi sikuhlane, lube lupawu olwaneleyo lokulumkisa umntu ngale ngozi imzeleyo, ngokuko- dwa ukuba amakala ati xa umntwana apefumlayo atwabuluke, ibe lonto ibonisa ubunzima bokupefumla. Nali ixesha lokusilinga esisifo.

UKUNQANDA UMQALA.—Yiti umntwana akuba nengodlo, umseze elika Chamber- lain Lokohlokoblo ngazo zonke iziqi- ngata ze yure, ade apele amatshengele csisifo. Mcnjonje ukumseza:—Kwintsa- na nabantwana ababudala buminyaka ingapantsi kwesibini, ibe yi tispuni eqingalisileyo (half tcaspoonful). Kuba- ntwana abaminyaka mibini ide iye esitandatwini, mnyibo yi tispuni ezeleyo. Kubantwana abaminyaka ingapezulu kwemitandatu, i tispuni ezeleyo ene siqingata, zide zibe mbini zizale. Um- ntwana makabo kwigumbi elifudumeleyo.

Kudla ngokulunga xa umntwana asezwe elika Chamberlain lokohlokohlo ngazo zonke iziqingata ze yure, ade asuke ancedeke, kuti emva koko. Kupi- kwe neyure zonke, zide zipele impawu ezingamanakani esifo. 4

Native Opinion Guardian

WEDNESDAY, OCT. 5, 1898.

CHARGES OF BRIBERY.

OVER a report that members of the Country Party have been offered bribes to desert their party, the Editor of the *Cape Times* —Mr. GARRETT — has gone into hysterics, and, as usual with him,with copious words but few arguments endeavoured to discredit the state- ment. One member, at least, has courageously come forward, to substantiate the report, enclosing his card to the Editor to show his *bona fides.* He states that as much as £3,000 has been offered to him to forsake his allegiance. Whether this incident corresponds with the one to which Rev. J. G. J. KRIGE of Caledon has given publicity does not appear. But the exposure has made the capitalist organ all the more furious. It demands the name of the person who offered the bribe, and wants the member to give up his name to the world. To the public in general it is manifest that an attempt to use capital to debauch our public life has been made. The earnestness of the *Cape Times,* in demanding names, and writing columns upon columns, shows that the thing is not a myth, and our contemporary's subterfuge to create a noise and throw up dust appears from this distance in its true light—as an attempt to conceal the culprits. It is remarkable that the *Cape Times* has nothing to say about the tur- pitude of the thing itself; but all the vials of its wrath are emptied upon those who would fight the baleful evil of the misuse of capital; and the simple, unsuspecting member who has come forward and boldly owned to having been one, at least, of those who have been approached. That such a thing has happened is enough to make honest men fear that Cape politics are in an evil plight, and they will soon reek with corruption in the nostrils of really patriotic souls. Had the report been about the Transvaal the *Cape Times* would have been the first to vilify that country, but as it is about the Cape, muni's the word. It is a lucky circumstance that in this juncture there should be a strong party in existence who loathe the very idea of trafficking in people's consciences, for the intro- duction of bribery into our politics is the gravest misfortune that the country has to fear; at least the late Mr. GLADSTONE as also the Lite Sir GEORGE GREY are reported to have said quite as much.

THE MINISTRY AND MR. INNES.

MINISTERS do not seem to have that view of Mr. Innes's position in the politics of the country which some of us have, else they would not have insulted him by repeated offers of a subordinate position in a sinking Ministry, as we hear they have done, and tendering him the Speakership.

We are really glad Mr. Innes has had the good sense to refuse both. His proper place, as we have always contended in these columns, is at the head of the Government. The Country Party, which is bitterly opposed to a Rhodes Premiership or the the tenure office by his puppets, wanted to place Mr. Innes at the head of affairs last year, and, we believe, would place him there even now, if he would consent. Failing this, why don't the new Progressives retire Sir Gordon, and themselves place Mr. Innes at the head of the Government? We believe it is because they are sham Progressives, while Mr. Innes is a true one. And yet it is by the merest chance of putting Mr Innes forward as their leader that the Progressives can hope to maintain their party in office in the present state of parties. Nothing short of this will help them. We are glad the base attempts to offer office to politicians of Mr. David De Waal's standing have not succeeded. But that they should have been regarded with satisfaction by the new Progressives is hardly creditable to that party. Of one thing we are assured, had they succeeded they would have alienated the more decent politicians in their party, and lost more than they would have gained. Even now it is not certain whether by such disgusting political tricks they have not already succeeded in earning the contempt of clean men.

Topics of the Week

Rev. J Thompson M.A.

We regret to learn that Rev. J. Thompson, M.A., the popular scholar and President of the Wesleyan Conference, is obliged to proceed to England for an urgent and serious operation, which all pray may be for the best.

King Museum.

The new beautiful and commodious building which the Museum Committee has been able to present to the public is to be formally opened this afternoon by Mrs. J. W. Weir, Mr. Weir, the President, delivering an address dealing with the history of the institution. Knowing how Mr. Weir handles any subject to which he addresses himself, we are quite prepared for a highly interesting deliverance. The building to be opened is a credit to the place.

Canada and Drink.

It is gratifying to learn that, the *plebiscite* taken throughout Canada on the question of abolishing the liquor traffic in the Dominion, although showing a small vote, nevertheless indicates a slight majority in favour of prohibition. Great progress would appear to have been made there in the education of public opinion on this subject. In the Cape prohibionists would, we fear, be in a sorry minority notwithstanding all the talk we hear about the existence of a Progressive majority in the elections. The world is now curious to hear what Sir Wilfred Laurier, the Dominion Prime Minister, will do with this important result.

Rev. J. P. Kriel, B A.

After a long enterval without a minister, since Rev. B. B, Keet left it, the D.R. Church congregation of Alice and Peddie now rejoices in the induction of Rev. J. P. Kriel which took place on the 17th ult. Rev. J. H. Hofmeyr, of Somerset East, Moderator, took a leading part in the function, and he was assisted by Rev. A. Hofmeyr (Hanover), Revs. Messrs. Malan (Adelaide), Pienaar (Bedford), A. Hofmeyr (Natal), and Faure, of Stockenstrom. There were also present Revs. Dr. Stewart and J. Lennox from Lovedale, Rev. Mr. King from Alice, and Rev. Mr. Hanes- worth from Fort Beaufort, the whole service being a soul-stirring one.

Rev. J. F. Hornabrook.

